(2) Any monitoring programme or system that is used to monitor information on financial and non-financial performance of a programme partially or fully funded by a Schedule 4 allocation must—

- (a) be approved by the National Treasury; 50
- (b) not impose any excessive administrative responsibility on receiving officers beyond the provision of standard management and budget information;

IweNgeniso yaminyaka le, idakacisiwe kuKholam B weeShedyuli ekubhekiswa kuzo kwisolotyana (1).

(3)(a) Umasipala oneenjongo zokumbambisa ulwabiwo-mali olunemibandela, okanye inxalenye yalo, njengesibambiso sayo nayiphi na imiqathango ekwimimisele yesolotyana 48 loMthetho weeMali zikaMasipala, kumele, ukongeza apho amazise uNongxowa weSizwe ngemimisele yesolotyana 46(3) laloo Mthetho, ngelokwazisa igosa lothumelo kunye nonongxowa wephondo elichaphazelekayo ngezo njongo kwaye ngelokunika igosa lothumelo kunye noNongxowa weSizwe okungenani iintsuku ezingama-21 ukuba baphawule ngaphambili kokuba bagunyazise ibhunga likamasipala.

(b) Umasipala kumele afake iingxelo zeemali nezingezozezimali, kwifomathi kwaye ngemihla eyakuthi ichazwe nguNongxowa weSizwe, ngayo nayiphi na iprojekthi ekubanjiswe ngayo ukuba incediswe okanye ixhaswe ngokupheleleyo ngokusetyenziswa kwesabelo semibandela okanye ngenxalenye yayo, njengesibambiso esibhambathiswe kumhlathi (a).

(4)(a) Ukuba inkcitho yomhla kaxakeka ithe yaphunyezwa kuMthetho woLwabiwo, ka-2024, ukuba konyuswe naluphi na ulwabiwo olunemibandela loomasipala, uNongxowa weSizwe kumele alonyuse ulwabelo lomasipala ngamnye ekwenza oko ngesaziso *kwiGazethi*.

(b) Ulonyuso ekubhekiswa kulo kumhlathi (a) luza kuqalisa ukusebenza ngomhla oya kuthi upapashwe *kwiGazethi*.

(c) Ukuba ulwabiwo-mali olunemibandela elikwiSigaba B sikaShedyuli 5 okanye 6 luthe lonyuswa ngokwemimisele yomhlathi (a), uNongxowa weSizwe kumele ke ngoko ahlomele isaziso esipapashwe ngemimisele yesolotyana 15 ngesaziso *kwiGazethi*.

(d) Isolotyana 23 lalo Mthetho lilo elisebenzayo ngotshintsho oluyimfuneko ngokumayelana nolonyuso ekubhekiswa kulo kumhlathi (a).

Isigaba 2

Imisebenzi yamagosa obalo-mali ngokuhambelana noShedyuli 4 ukuya ku-7 wolwabiwo-mali

Imisebenzi yegosa lothumelo ngokuhambelana noShedyuli 4 wolwabiwo-mali

9. (1) Igosa lothumelo likaShedyuli 4 wolwabiwo-mali kumele— 30

(a) liqinisekise ukuba uthumelo kuwo onke amaphondo noomasipala—

(i) lwenziwa kuphela kwi-akhawunti yebhanki yelo phondo okanye yaloo masipala; kwaye

(ii) lwenziwa ngokuhambelana neshedyuli yentlawulo ngokwemimisele yesolotyana 22, ngaphandle kokuba ulwabiwo-mali lubanjiwe okanye lumisiwe ngemimisele yesolotyana 17 okanye 18; 35

(b) liqwalasele ulwazi olungenkqubela yeenkqubo zezimali nezingezozezimali ezincediswayo okanye ezixhaswa ngokupheleleyo ngolwabiwo-mali elikwiSigaba A sikaShedyuli 4, ngokuhambelana nesolotyana (2) kwakunye nesiseko somsebenzi esichaphazelekayo; 40

(c) liqwalasele ulwazi olungenkqubela yemali nolungengolwemali lwe-*Urban Settlements Development Grant* olungesicwangciso sokusetyenziswa kohlahlolwabiwo-mali olukhulu noziso lweenkonzo kwakunye nesicwangciso sokwenza; 45

(d) luthobele isiseko somsebenzi obekiweyo; 45

(e) linike iingxelo yekota yeemali nengeyoyemali ngenkqubela zingaphelanga iintsuku ezintlanu iphelile ikota nganye kuNongxowa weSizwe ngokwemimisele ehambelana nesiseko somsebenzi esibekiweyo; aze

(f) aphonononge inkqubela yeenkqubo ezixhaswayo okanye ezincediswayo ngemali yolwabiwo-mali kwaye olo phononongo kumele alunike uNongxowa weSizwe zingaphelanga iinyanga ezine emva kokuphela konyaka-mali ka-2024/25 nokubhekisa kumasebe ephondo nakoomasipala, nanjengoko ingabe isitsho imeko. 50

(2) Nayiphi na inkqubo yokuqwalasela iinkqubo ezisetyenziselwa ukuqwalasela ulwazi olungenkqubela yenkqubo yemali neyengeyoyamali encediswayo okanye exhaswa ngokupheleleyo nguShedyuli 4 wolwabiwo-mali kumele— 55

(a) iphunyezwe nguNongxowa weSizwe;

(b) ingabeki uxanduva lomsebenzi wolawulo omninzi kumagosa olwamkelo ngaphandle kolawulo lwesiqhelo nolwazi lohlahlolwabiwo-mali;

- (c) be compatible and integrated with and not duplicate other relevant national, provincial and local systems; and
- (d) support compliance with section 11(2).

(3) A framework may impose a duty on the accounting officer of a national or provincial department, other than the transferring officer or receiving officer, which contributes to achieving the purpose of the allocation, and the accounting officer must comply with the duty. 5

Duties of transferring officer in respect of Schedule 5 or 6 allocations

- 10.** (1) The transferring officer of a Schedule 5 or 6 allocation must—
- (a) monitor financial and non-financial performance information on programmes funded by the allocation; 10
 - (b) not later than 14 days after this Act takes effect, certify to the National Treasury that—
 - (i) any monitoring or system that is used, is compatible and integrated with and does not duplicate other relevant national, provincial and local systems; and 15
 - (ii) any plans required in terms of the framework of a Schedule 5 allocation regarding the use of the allocation by—
 - (aa) a province, have been approved before the start of the financial year; or 20
 - (bb) a municipality, shall be approved before the start of the financial year; 20
 - (c) in respect of Schedule 5 allocations—
 - (i) transfer funds only after receipt of all information required to be submitted by the receiving officer in terms of this Act and after submission of all relevant information to the National Treasury; 25
 - (ii) transfer funds in accordance with the payment schedule determined in terms of section 22, unless allocations are withheld or stopped in terms of section 17 or 18; and
 - (iii) deposit funds only into the primary bank account of the relevant province or municipality; and 30
 - (d) comply with the applicable framework.
- (2) The transferring officer must submit all relevant information and documentation referred to in subsection (1)(b) to the National Treasury within 14 days after this Act takes effect. 35
- (3) A transferring officer, who has not complied with subsection (1), must transfer the allocation in the manner instructed by the National Treasury, which instruction may include transferring the allocation as an unconditional allocation.
- (4) Before making the first transfer of any allocation in terms of subsection (1)(c), the transferring officer must ensure that the banking details of the relevant province or municipality are as contained in the notice issued by the National Treasury in terms of section 30(1). 40
- (5)(a) The transferring officer of a Schedule 5 or 6 allocation must, as part of the reporting envisaged in section 40(4)(c) of the Public Finance Management Act, but subject to paragraph (b), submit information, in the format determined by the National Treasury, for the month in question, and for the 2024/25 financial year up to the end of that month, on— 45
- (i) the amount of funds transferred to a province or municipality;
 - (ii) the amount of funds for any province or municipality withheld or stopped in terms of section 17 or 18, the reasons for the withholding or stopping and the steps taken by the transferring officer and the receiving officer to deal with the matters or causes that necessitated the withholding or stopping of the payment; 50
 - (iii) the actual expenditure incurred by the province or municipality in respect of a Schedule 5 allocation;
 - (iv) the actual expenditure incurred by the transferring officer in respect of a Schedule 6 allocation; 55

- (c) luhambelane kwaye luphuculwe kwaye lungaziphindi ezinye iinkqubo zesizwe, ezamaphondo nezasekuhlaleni; kwaye
- (d) luthobeke imiqathango yesolotya 11(2).
- (3) Isiseko somsebenzi sinika indima yomsebenzi kwigosa lezibalo lesebe lesizwe okanye elephondo, ngaphandle kwegosa lothumelo okanye igosa lolwamkelo, nto leyo enegalelo ekuphunyezweni kwenjongo yolwabiwo-mali, kwaye negosa lezibalo kumele lithobeke loo ndima. 5

Imisebenzi yegosa lothumelo ngokuhambelana noShedyuli 5 okanye 6 wolwabiwo-mali

10. (1) Igosa lothumelo likaShedyuli 5 okanye 6 wolwabiwo-mali kumele— 10
- (a) liqwalasele ulwazi olungenkqubela yeenkqubo zezimali nezingezozezimali ezixhaswa ngolwabiwo-mali;
- (b) zingaphelanga iintsuku ezili-14 emva kokuba lo Mthetho uqalisile ukusebenza, liqinisekise kuNongxowa weSizwe ukuba—
- (i) nayiphi na inkqubo yoqwalaselo esetyenziswayo, ifanelekileyo kwaye iyahambelana kwaye ayiziphindi ezinye iinkqubo zesizwe, ezephondo okanye ezasekuhlaleni; kwaye 15
- (ii) naziphi na izicwangciso ngokwemimiselo yesiseko somsebenzi sikaShedyuli 5 ngokumayelana nokusetyenziswa kolwabiwo-mali—
- (aa) kwiphondo, zibe zigunyazisiwe ngaphambili kokuba uqale unyakamali; okanye 20
- (bb) kumasipala, zibe zigunyazisiwe ngaphambili kokuba uqale unyakamali;
- (c) ngokuhambelana noShedyuli 5 wolwabiwo-mali—
- (i) lithumele imali kuphela emva kokuba lifumene lonke ulwazi oluyimfuneko ukuze kuthunyelwe kwigosa lolwamkelo ngokwemimiselo yalo Mthetho kwaye xa sele luthunyelwe lonke ulwazi oluyimfuneko kuNongxowa weSizwe; 25
- (ii) lithumele imali ngokuhambelana neshedyuli yentlawulo eqingqwe kwisolotya 22, ngaphandle kokuba ulwabiwo-mali lubanjiwe okanye lumisiwe ngokwemimiselo yesolotya 17 okanye 18; lize 30
- (iii) lifake imali kuphela kwi-akhawunti yebhanki yelo phondo okanye yaloo masipala; kwaye
- (d) lithobeke isiseko somsebenzi esibekiweyo.
- (2) Igosa elithumelayo kumele lifake lonke ulwazi namaxwebhu ayimfuneko ekubhekiswa kuwo kwisolotyana (1)(b) kuNongxowa weSizwe zingaphelanga iintsuku ezili-14 emva kokuba uqalile ukusebenza lo Mthetho. 35
- (3) Igosa elithumelayo, elingalithobelanga isolotyana (1), kumele lithumele ulwabiwo-mali ngendlela eyalelwe nguNongxowa weSizwe, namyalelo lowo oquka ukuthunyelwa kolwabiwo-mali njengolwabiwo-mali olunemibandela. 40
- (4) Ngaphambili kokwenza uthumelo lokuqala lwalo naluphi na ulwabiwo-mali olukwimimiselo yesolotyana (1)(c), igosa lothumelo kumele liqinisekise ukuba iinkcukacha zebhanki zelo phondo okanye zaloo masipala ziyile ndlela ezibhalwe ngayo kwisaziso sikaNongxowa weSizwe ngokwemimiselo yesolotya 30(1).
- (5)(a) Igosa lothumelo likaShedyuli 5 okanye 6 wolwabiwo-mali kumele, njengenxalenye yonikezelo lwengxelo oludakacwe kwisolotya 40(4)(c) loMthetho wokuPhathwa kweMali zikaRhulumente, kodwa nangokuhambelana nomhlathi (b), lithumele ulwazi, kwifomathi eqingqwe nguNongxowa weSizwe, zaloo nyanga kubhekiswa kuyo, nangonyaka-mali ka-2024/25 ukuya kutsho ekupheleni kwaloo nyanga— 50
- (i) ngomyinge wemali ethe yathunyelwa emaphondweni okanye koomasipala;
- (ii) umyinge wemali walo naluphi na iphondo okanye umasipala ebanjiweyo okanye emisiweyo ngokwemimiselo yesolotya 17 okanye 18, izizathu zokubanjwa okanye zokumiswa kwakunye namanyathelo athathwe ligosa lothumelo negosa lolwamkelo ekuqubisaneni nemiba okanye nezizathu ezibangele kubanjwe okanye kumiswe intlawulo; 55
- (iii) eyona nkcitho yokwenene echithwe liphondo okanye ngumasipala ngokumalunga noShedyuli 5 wolwabiwo-mali;
- (iv) eyona nkcitho yokwenene echithwe ligosa lothumelo ngokumalunga noShedyuli 6 wolwabiwo-mali; 60

- (v) any matter or information that may be required by the applicable framework for the particular allocation; and
- (vi) such other matters as the National Treasury may determine.
- (b) For purposes of the application of paragraph (a) to Part B of Schedule 5, the period of 15 days envisaged in section 40(4)(c) of the Public Finance Management Act must be construed to mean a period of 20 days. 5
- (6) A transferring officer must submit to the National Treasury—
- (a) a monthly provincial report on infrastructure expenditure partially or fully funded by the Health Facility Revitalisation Grant, National Health Insurance Indirect Grant, School Infrastructure Backlogs Grant or Maths, Science and Technology Grant, within 22 days after the end of each month, in the format determined by the National Treasury; and 10
- (b) a quarterly performance report on all programmes partially or fully funded by a Schedule 5 or 6 allocation within 45 days after the end of each quarter, in accordance with the applicable framework. 15
- (7) The transferring officer must evaluate the performance of all programmes partially or fully funded by a Schedule 5 or 6 allocation and submit such evaluations to the National Treasury within four months after the end of the 2024/25 financial year applicable to a provincial department or a municipality, as the case may be.
- (8) The transferring officer of the Human Settlements Development Grant may only transfer the Grant to a province after the relevant receiving officer has complied with section 12(6)(a) and (b). 20
- (9) A framework may impose a duty on the accounting officer of a national or provincial department, other than the transferring officer or receiving officer, which contributes to achieving the purpose of the allocation and the accounting officer must comply with the duty. 25

Duties of receiving officer in respect of Schedule 4 allocations

11. (1) The receiving officer of a Schedule 4 allocation is responsible for—
- (a) complying with the applicable framework; and
- (b) the manner in which the allocation received from a transferring officer is allocated and spent. 30
- (2) The receiving officer of a municipality must—
- (a) ensure and certify to the National Treasury that the municipality—
- (i) indicates each programme partially or fully funded by a Schedule 4 allocation in its annual budget and that the allocation is specifically and exclusively appropriated in that budget for utilisation only according to the purpose of the allocation; and 35
- (ii) makes public, in terms of section 21A of the Municipal Systems Act, the conditions and other information in respect of the allocation, to facilitate performance measurement and the use of required inputs and outputs; 40
- (b) when submitting the municipality's statements in terms of section 71 of the Municipal Finance Management Act for September 2024, December 2024, March 2025 and June 2025, report to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury—
- (i) in respect of the Urban Settlements Development Grant, on financial performance against its capital budget and the measures defined in its service delivery and budget implementation plan; and 45
- (ii) in respect of any other Schedule 4 allocation, on financial performance of programmes partially or fully funded by the allocation; and
- (c) within 30 days after the end of each quarter, report to the transferring officer and the National Treasury— 50
- (i) in respect of the Urban Settlements Development Grant, on non-financial performance for that quarter against the measures defined in its service delivery and budget implementation plan; and

- (v) nawuphi na umba okanye ulwazi olunokufuneka kwisiseko somsebenzi esichaphazelekayo kolo lwabiwo-mali; kwaye
- (vi) neminye imiba enokutshiwo nguNongxowa weSizwe.
- (b) Ngezizathu zokwenziwa komhlathi (a) ukuya kwiSigaba B sikaShedyuli 5, ixesha leentsuku ezili-15 ezidakacwe kwisoloty 40(4)(c) zoMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaRhulumente kumele zitolikwe njengezithetha iintsuku ezingama-20. 5
- (6) Igosa lothumelo kumele linike uNongxowa weSizwe—
- (a) ingxelo yanyanga zonke yenkcitho yolwakhiwo encedisayo okanye eyinkxaso epheleleyo yeSibonelelo soHlaziyo loLwakhiwo lwezeMpilo, eyeSibonelelo eSingangqalanga se-Inshorensi yezeMpilo yeSizwe, eyeSibonelelo soMthwalo woLwakhiwo lweZikolo okanye iSibonelelo seZibalo, iNzulu-lwazi noBuchwepheshe, zingaphelanga iintsuku ezingama-22 emva kokuphela kwenyanga nganye, kwifomathi eza kutshiwo nguNongxowa weSizwe; kwaye 10
- (b) ingxelo yekota yenkqubela yeenkqubo ezincediswayo nezixhaswa ngokupheleleyo nguShedyuli 5 okanye 6 wolwabiwo-mali zingaphelanga iintsuku ezingama-45 emva kokuphela kwekota nganye, ngokuhambelanayo nesiseko somsebenzi esichaphazelekayo. 15
- (7) Igosa lothumelo kumele liphonononge inkqubela yazo zonke iinkqubo ezincediswayo okanye ezixhaswa ngokupheleleyo nguShedyuli 5 okanye 6 wolwabiwo-mali lize lithumele olo phononongo kuNongxowa weSizwe zingaphelanga iinyanga ezine emva kokuphela konyaka-mali ka-2024/25 nokubhekisa kumasebe ephondo nakoomasipala, nanjengoko ingabe isitsho imeko. 20
- (8) Igosa lothumelo leSibonelelo soPhuhliso soKuhlaliswa kwaBantu ephondweni emva kokuba igosa lolwamkelo elichaphazelekayo lithobele isoloty 12(6)(a) kunye (b). 25
- (9) Isiseko somsebenzi singanika indima yomsebenzi kwigosa lezibalo lesebe lesizwe okanye elephondo, ngaphandle kwegosa lothumelo okanye igosa lolwamkelo, nto leyo enegalelo ekuphunyenzweni kwenjongo yolwabiwo-mali, kwaye negosa lezibalo kumele lithobele loo ndima. 25

Imisebenzi yegosa lolwamkelo ngokuhambelana noShedyuli 4 wolwabiwo-mali

11. (1) Igosa lothumelo likaShedyuli 4 wolwabiwo-mali kumele— 30
- (a) lithobele isiseko somsebenzi obekiweyo; kunye
- (b) nendlela ulwabiwo-mali olufunyenwe kwigosa lothumelo eliza kwabiwo lize lisetyenziswe ngayo.
- (2) Igosa lolwamkelo lomasipala kumele— 35
- (a) liqinisekise uNongxowa weSizwe ukuba umasipala—
- (i) ubonisa inkqubo nganye encedisiweyo okanye exhaswe ngokupheleleyo nguShedyuli 4 wolwabiwo-mali kuhlahlolwabiwo-mali laminyaka le kwakunye nokuba ulwabiwo-mali lwahlulwa ngokukhethekileyo kolo hlahlolwabiwo-mali ukuze lusetyenziswe kuphela ngeenjongo zolwabiwo-mali; kwaye 40
- (ii) lwenziwe esidlangalaleni, ngokwemimiselo yesoloty 21A loMthetho weeNkqubo zikaMasipala, imibandela nolunye ulwazi ngokumayelana nolwabiwo-mali, ukuququzelela umlinganiselo wenkqubela kwakunye nokusetyenziswa kwamagalelo angenayo naphumayo ayimfuneko; 45
- (b) xa kufakwa iingxelo zikamasipala ngokwemimiselo yesoloty 71 loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala kweyoMsintsi 2024, kweyoKwindla 2025 kwakunye nakweyeSilimela 2025, ingxelo eya kwigosa lothumelo, unongxowa wephondo kwakunye noNongxowa weSizwe—
- (i) ngokumayelana neSibonelelo soPhuhliso lweNtlalo eZixekweni, ngenkqubela yokusetyenziswa kohlahlo olukhulu kwakunye nomyinge ocaciswe kuziso lweenkonzo kwakunye nesicwangciso sokusebenzisa uhlahlolwabiwo-mali; kwaye 50
- (ii) ngokuhambelana nalo naluphi na ulwabiwo-mali lukaShedyuli 4, olungenkqubela yeenkqubo zemali zokuncedisa okanye ezixhaswe ngokupheleleyo lulwabiwo-mali; kwaye 55
- (c) zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kokuphela kwekota nganye, kunikwe ingxelo kwigosa lothumelo nakuNongxowa weSizwe—
- (i) ngokumayelana neSibonelelo soPhuhliso lweNtlalo eZixekweni, ngenkqubela engachaphazeli imali kuloo kota ngokuchasene nemiba ecacisweyo kuziso lwayo lweenkonzo kwakunye nesicwangciso sokusetyenziswa kohlahlolwabiwo-mali; kwaye 60

- (ii) in respect of any other Schedule 4 allocation, on non-financial performance of programmes partially or fully funded by the allocation.
- (3) The National Treasury must make the report submitted to it in terms of subsection (2)(b) or (c) available to the transferring officer of the Urban Settlements Development Grant, Public Transport Network Grant and Integrated National Electrification Programme Grant and the accounting officer of any other national department having responsibilities relating to the applicable allocation. 5
- (4) The receiving officer of a provincial department must submit to the relevant provincial treasury and the transferring officer—
- (a) as part of the report required in section 40(4)(c) of the Public Finance Management Act, reports on financial and non-financial performance of programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation; 10
- (b) a quarterly non-financial performance report of programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation within 30 days after the end of each quarter; 15
- and
- (c) a monthly provincial report on infrastructure programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation within 15 days after the end of each month, in the format determined by the National Treasury.
- (5) The receiving officer must report on programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation against the applicable framework in its annual financial statements and annual report. 20
- (6) The receiving officer must evaluate the financial and non-financial performance of the provincial department or municipality, as the case may be, in respect of programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation and submit such evaluation to the transferring officer and the relevant provincial treasury within two months— 25
- (a) in respect of a provincial department, after the end of the 2024/25 financial year of the provincial department; and
- (b) in respect of a municipality, after the end of the 2024/25 financial year of the municipality.

Duties of receiving officer in respect of Schedule 5 or 7 allocations 30

12. (1) The receiving officer of a Schedule 5 or 7 allocation must comply with the applicable framework.
- (2) The relevant receiving officer must, in respect of a Schedule 5 or 7 allocation transferred to—
- (a) a province, as part of the report required within 15 days of the end of each month in terms of section 40(4)(c) of the Public Finance Management Act, report on the matters referred to in subsection (3) and submit a copy of that report to the relevant provincial treasury and the transferring officer; 35
- (b) a municipality, as part of the report required no later than 10 working days after the end of each month in terms of section 71 of the Municipal Finance Management Act, report on the matters referred to in subsection (4) and submit a copy of that report to the relevant provincial treasury, the National Treasury and the relevant transferring officer; and 40
- (c) a province or municipality, submit a quarterly non-financial performance report within 30 days after the end of each quarter. 45
- (3) A report for a province in terms of subsection (2)(a) must set out for the month in question and for the 2024/25 financial year up to the end of the month—
- (a) the amount received by the province;
- (b) the amount of funds withheld or stopped in terms of section 17 or 18, the reason for the stopping or withholding and any remedial action taken; 50
- (c) the actual expenditure by the province in respect of Schedules 5 and 7 allocations;

- (ii) ngokumayelana nalo naluphi na ulwabiwo-mali lukaShedyuli 4, kwinkqubela yeenkqubo ezingachaphazeli imali ezincediswayo okanye ezixhaswe ngokupheleleyo kulwabiwo-mali.
- (3) UNongxowa weSizwe ke ngoko kumele athathe loo ngxelo ayifumeneyo ngokwemimiselo yesolotyana (2)(b) okanye (c) ayenze ifumaneka kwigosa lothumelo leSibonelelo soPhuhliso lweNtlalo eZixekweni, eleSibonelelo soNxibelelwano lweZothutho lukaWonke-wonke, eleSibonelelo seNkqubo yokufaka uMbane kwiSizwe kwakunye negosa lobalo lalo naliphi na isebe lesizwe elinoxanduva olumayelana nolwabiwo-mali. 5
- (4) Igosa lolwamkelo lwesebe lephondo kumele linike unongxowa wephondo kwakunye negosa lothumelo— 10
- (a) njengxalenye yengxelo efunwe kwisolotyana 40(4)(c) loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaRhulumente, iingxelo zeemali kwakunye nezingezozemali ngenkqubela yeenkqubo ezincediswayo nezixhaswa ngokupheleleyo nguShedyuli 4 wolwabiwo-mali; 15
- (b) ingxelo yekota yenkqubela yeenkqubo ezingenamali ezincediswayo okanye ezixhaswe ngokupheleleyo nguShedyuli 4 wolwabiwo-mali zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kokuphela kwekota nganye; kwaye
- (c) ingxelo yamaphondo yanyanga zonke ngenkqubela yolwakhiwo oluncediswayo okanye eluxhaswe ngokupheleleyo nguShedyuli 4 zingaphelanga iintsuku ezili-15 emva kokuphela kwenyanga nganye, kwifomathi eqingqwe nguNongxowa weSizwe. 20
- (5) Igosa lolwamkelo kumele linikeze ingxelo ngenkqubo ezincediswayo nezixhaswe ngokupheleleyo nguShedyuli 4 wolwabiwo-mali ngokuchasene nesiseko somsebenzi ngamaxwebhu ayo engxelo yeemali kwakunye nangengxelo yonyaka. 25
- (6) Igosa elamkelayo kumele liphonononge inkqubela yeemali nengeyoyemali yamasebe amaphondo okanye eyoomasipala, ngokokuya ngemeko, ngokumayelana neenkqubo ezincediswayo okanye ezixhaswe ngokupheleleyo nguShedyuli 4 wolwabiwo-mali ize loo ngxelo yophononongo ayinike igosa lothumelo kwakunye nonongxowa wephondo zingaphelanga iinyanga ezimbini— 30
- (a) ngokumayelana nesebe lephondo, emva kokuphela konyaka-mali ka-2024/25 wesebe lephondo; kwaye
- (b) ngokumayelana nomasipala, emva konyaka-mali ka-2024/25 kamasipala.

Imisebenzi yegosa lolwamkelo ngokuhambelana noShedyuli 5 okanye 7 wolwabiwo-mali 35

- 12.** (1) Igosa lolwamkelo likaShedyuli 5 okanye 7 wolwabiwo-mali kumele lithobele isiseko somsebenzi—
- (2) Igosa lolwamkelo elichaphazelekayo kumele, ngokumayelana noShedyuli 5 okanye 7 wolwabiwo-mali othunyelwe—
- (a) ephodweni, njengxalenye yengxelo efuneka zingaphelanga iintsuku ezili-15 emva kokuphela kwenyanga nganye ngokwemimiselo yesolotyana 40(4)(c) loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaRhulumente, anike ingxelo ngemiba ekubhekiswa kuyo kwisolotyana (3) aze anike ikopi yaloo ngxelo kunongxowa wephondo kwakunye nakwigosa lothumelo; 40
- (b) kumasipala, njengxalenye yengxelo efuneka zingaphelanga iintsuku ezili-10 emva kokuphela kwenyanga nganye ngokwemimiselo yesolotyana 71 loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, anike ingxelo ngemiba ekubhekiswa kuyo kwisolotyana (4) aze anike ikopi yaloo ngxelo kunongxowa wephondo, uNongxowa weSizwe kwakunye negosa lothumelo elichaphazelekayo; kwaye 45
- (c) iphondo okanye umasipala, kumele zithi gqolo ukwenza ingxelo yekota yenkqubela engeyoyemali zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kwekota nganye. 50
- (3) Ingxelo yephondo ngokwemimiselo yesolotyana (2)(a) kumele idalule inyanga leyo ekubhekiswa kuyo nenonyaka-mali ka-2024/25 kude kuyophela inyanga— 55
- (a) isixa-mali esifunyenwe liphondo;
- (b) isixa-mali esibanjiweyo okanye esimisiweyo ngokwemimiselo yesolotyana 17 okanye 18, isizathu sokumiswa okanye sokubanjwa kwakunye nesisombululo esithe sathatyathwa;
- (c) inkcitho yokwenene yephondo ngokumayelana noShedyuli 5 kunye 7 wolwabiwo-mali; 60

- (d) the amount transferred to any national or provincial public entity to implement a programme funded by a Schedule 5 allocation on behalf of a province or to assist the province in implementing the programme;
- (e) the available figures regarding the expenditure by a public entity referred to in paragraph (d); 5
- (f) the extent of compliance with this Act and with the conditions of the allocation provided for in its framework, based on the available information at the time of reporting;
- (g) an explanation of any material difficulties experienced by the province regarding an allocation which has been received and a summary of the steps taken to deal with such difficulties; 10
- (h) any matter or information that may be determined in the framework for the allocation; and
- (i) such other matters and information as the National Treasury may determine.
- (4) A report for a municipality in terms of subsection (2)(b) must set out for the month in question and for the 2024/25 financial year up to the end of the month— 15
- (a) the amount received by the municipality;
- (b) the amount of funds withheld or stopped in terms of section 17 or 18, the reason for the stopping or withholding and any remedial action taken;
- (c) the extent of compliance with this Act and with the conditions of the allocation or part of the allocation provided for in its framework; 20
- (d) an explanation of any material difficulties experienced by the municipality regarding an allocation which has been received and a summary of the steps taken to deal with such difficulties;
- (e) any matter or information that may be determined in the framework for the allocation; and 25
- (f) such other matters and information as the National Treasury may determine.
- (5) The receiving officer must evaluate the financial and non-financial performance of the provincial department or municipality, as the case may be, in respect of programmes partially or fully funded by a Schedule 5 allocation and submit such evaluation to the transferring officer and the relevant provincial treasury within two months after the end of the 2024/25 financial year applicable to a provincial department or a municipality, as the case may be. 30
- (6)(a) The receiving officer of the Human Settlements Development Grant and the Informal Settlements Upgrading Partnership Grant: Provinces must, in consultation with the transferring officer and after consultation with each affected municipality, publish in the *Gazette*, within 14 working days after this Act takes effect, the planned expenditure from the Human Settlements Development Grant and Informal Settlements Upgrading Partnership Grant: Provinces, for the 2024/25 financial year, the 2025/26 financial year and the 2026/27 financial year per municipality with level one or level two accreditation. 35 40
- (b) The planned expenditure must—
- (i) indicate the expenditure to be undertaken directly by the province and transfers to each municipality; and
- (ii) include a payment schedule for transfers to each municipality in the 2024/25 financial year. 45
- (c) The receiving officer of the Human Settlements Development Grant and the Informal Settlements Upgrading Partnership Grant: Provinces may, by notice in the *Gazette*, after taking into account the performance of the municipality and after consultation with the affected municipality and in consultation with the transferring officer, amend the planned expenditure for that municipality published in terms of paragraph (a). 50

- (d) isixa-mali esithunyelwe kwinkampani karhulumente yesizwe okanye eyephondo ngelokuqinisekisa ukwenziwa kwale nkqubo exhaswe ngemali nguShedyuli 5 wolwabiwo egameni lephondo okanye ukuncedisa iphondo ukuba likwazi ukwenza le nkqubo;
- (e) amanani avelayo ngokuphathelene nenkcitho yenkampani karhulumente ekubhekiswa kuyo kumhlathi (d); 5
- (f) umgama ohanjiweyo wokuthobela imiqathango ngalo Mthetho kwakunye nemibandela yolwabiwo-mali esikiweyo kwisiseko somsebenzi, ngokusekelezelwe kulwazi obelukhona ngexesha bekunikezwa ingxelo;
- (g) ingcaciso ngobunzima ekuhlangatyezwane nabo liphondo ngokuphathelene nolwabiwo-mali elufumeneyo kwakunye nesishwankathelo samanyathelo athatyathiweyo ukuqubisana nobo bunzima; 10
- (h) nawuphi na umba okanye ulwazi olunokuqingqwa kwisiseko somsebenzi wolwabiwo-mali; kunye
- (i) nezinye iimeko ezinjalo kwakunye nolwazi elinokuqingqwa nguNongxowa weSizwe. 15
- (4) Ingxelo kamasipala ngokwemimiselo yesolotyana (2)(b) kumele idalule inyanga leyo ekubhekiswa kuyo kunye nonyaka-mali ka-2024/25 kude kuyokuba sekugqibeleni kwenyanga—
- (a) isixa esifunyenwe ngumasipala; 20
- (b) isixa-mali esibanjiweyo okanye esimisiweyo ngokwemimiselo yesolotyana 17 okanye 18, isizathu sokumiswa okanye sokubanjwa kwakunye nesisombululo esithe sathatyathwa;
- (c) umgama ohanjiweyo ukuthobela lo Mthetho kwakunye nemibandela yolwabiwo-mali okanye inxalenye yolwabiwo-mali olukhutshiweyo kwisiseko somsebenzi; 25
- (d) ingcaciso ngobunzima ekuhlangatyezwane nabo ngumasipala ngokuphathelene nolwabiwo-mali alufumeneyo kwakunye nesishwankathelo samanyathelo athatyathiweyo ukuqubisana
- (e) nawo nawuphi na umba okanye ulwazi olunokuqingqwa kwisiseko somsebenzi wolwabiwo-mali; kwaye 30
- (f) ezinye iimeko ezinjalo kwakunye nolwazi elinokuqingqwa nguNongxowa weSizwe.
- (5) Igosa elamkelayo kumele liphonononge inkqubela yeemali nengeyoyeemali yesebe lephondo okanye yomasipala, ngokokuya kwemeko, ngokuphathelene neenkqubo ezincedisiweyo okanye ezixhaswe ngokupheleleyo kuShedyuli 5 wolwabiwo-mali ize ingxelo yolo phononongo inikezwe igosa lothumelo kwakunye nonongxowa welo phondo zingaphelanga iinyanga ezimbini emva kokuphela konyaka-mali ka-2024/25 welo sebe lephondo okanye kamasipala, nanjengoko ingabe isitsho imeko. 40
- (6)(a) Igosa lolwamkelo leSibonelelo soPhuhliso soKuhlaliswa kwaBantu kwakunye neSibonelelo soBudlelwane bokuPhucula iNtlalo yooGobityholo: iPhondo kumele, ngothethathwano negosa lothumelo kwaye emva kokuba bebonisene nomasipala ngamnye ochaphazelekayo, lipapashe *kwiGazethi*, zingaphelanga iintsuku zomsebenzi ezili-14 emva kokuba lo Mthetho uqalisile ukusebenza, isicwangciso senkcitho esuka kwiSibonelelo soPhuhliso soKuhlaliswa kwaBantu kwakunye neSibonelelo soBudlelwane bokuPhucula iNtlalo yooGobityholo: amaPhondo, kunyaka-mali ka-2024/25, unyaka-mali ka-2025/26, kwakunye nonyaka-mali ka-2026/27 womasipala ngamnye onebakala lokuqala okanye onebakala lesibini logunyaziso. 45
- (b) Isicwangciso senkcitho kumele— 50
- (i) sibonakalise inkcitho eza kwenziwa ngqo liphondo kwakunye nothumelo oluya kumasipala ngamnye; kwaye
- (ii) siquke ishedyuli yentlawulo yothunyelwe oluza kwenziwa kumasipala ngamnye kunyaka-mali ka-2024/25.
- (c) Igosa lolwamkelo leSibonelelo soPhuhliso soKuhlaliswa kwaBantu kwakunye neSibonelelo soBudlelwane bokuPhucula iNtlalo yooGobityholo: amaPhondo anako, ngokwenza isaziso *kwiGazethi*, emva kokuthathela ingqalelo indlela oqhube ngayo umasipala nasemva kokubonisa nomasipala ochaphazelekayo kwakunye nokubonisa negosa lothumelo, ahlomele isicwangciso senkcitho yaloo masipala epapashwe ngokwemimiselo yomhlathi (a). 55 60

Duties of receiving officer in respect of infrastructure conditional allocations to provinces

13. (1) The receiving officer of the Education Infrastructure Grant, Health Facility Revitalisation Grant, Human Settlements Development Grant, Provincial Roads Maintenance Grant and any other conditional allocation partially or fully funding infrastructure must— 5

- (a) submit to the relevant provincial treasury a list of all infrastructure projects partially or fully funded by the relevant Grant over the medium-term expenditure framework for tabling as part of the estimates of provincial expenditure in the provincial legislature in the format determined by the National Treasury; 10
- (b) within seven days after the tabling in the legislature, submit the list to the transferring officer and the National Treasury;
- (c) after consultation with the relevant provincial treasury and the transferring officer, submit any amendments to the infrastructure project list, together with reasons for the amendments, to the provincial treasury for tabling with the adjusted estimates of provincial expenditure; 15
- (d) within seven days after the tabling in the legislature, submit the amended list to the transferring officer and the National Treasury;
- (e) report, in the format and on the date determined by the National Treasury, to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury, on all infrastructure expenditure partially or fully funded by the relevant Grant; 20
- (f) within 15 days after the end of each month, in the format determined by the National Treasury, submit to the relevant provincial treasury and transferring officer, a draft report on infrastructure programmes partially or fully funded from those Grants; 25
- (g) within 22 days after the end of each month, submit to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury, a final report on infrastructure programmes partially or fully funded from those Grants; and 30
- (h) within two months after the end of the 2024/25 financial year—
 - (i) based on the infrastructure budget of the province, evaluate the financial and non-financial performance of the province in respect of programmes partially or fully funded by the Grant; and
 - (ii) submit the evaluation to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury. 35

(2) The receiving officer of the Education Infrastructure Grant or Health Facility Revitalisation Grant must—

- (a) within 22 days after the end of each quarter, submit to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury, a report on the filling of posts on the approved establishment for the infrastructure unit of the affected provincial department; and 40
- (b) ensure that projects comply with infrastructure delivery management best practice standards and guidelines, as identified and approved by the National Treasury. 45

Duties in respect of annual financial statements and annual reports for 2024/25

14. (1) The 2024/25 financial statements of a national department responsible for transferring an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must, in addition to any requirement of any other legislation—

- (a) indicate the total amount of that allocation transferred to a province or municipality; 50
- (b) indicate any transfer withheld or stopped in terms of section 17 or 18 in respect of each province or municipality and the reason for the withholding or stopping;

Imisebenzi yegosa lolwamkelo ngokumayelana nemibandela yolwabiwo-mali yolwakhiwo lweziseko emaphondweni

- 13.** (1) Igosa lolwamkelo leSibonelelo seZiseko zeMfundo, iSibonelelo soHlaziyo lweZiseko zeMpilo, iSibonelelo soLungiso lweNdlela zePhondo kwakunye nalo naluphi na ulwabiwo-mali olunemibandela lokuncedisa okanye lokuxhasa ngokupheleleyo iziseko kumele—
- (a) linike unongxowa wephondo ochaphazelekayo uluhlu lwazo zonke iiprojekthi zeziseko ezincediswayo nezixhaswa ngokupheleleyo siSibonelelo nesciwangciso senkcitho saphakathi enyakeni ukuze sibekwe etafileni njengenxalenye yoqikelelo lwenkcitho yamaphondo kwindlu yowiso-mthetho yephondo kwifomathi eqingqwe nguNongxowa wePhondo;
- (b) zingaphelanga iintsuku ezisixhenxe emva kokuyibeka kwindlu-yowiso mthetho, linike olo luhlu igosa lothumelo kwakunye noNongxowa weSizwe;
- (c) emva kokuthethana nonongxowa wephondo ochaphazelekayo kwakunye negosalothumelo, kumele linike naziphi na izihlomelo zoluhlu lweprojekthi yeziseko, kwakunye nezizathu zezo zihlomelo, kunongxowa wephondo ukuze azibeke etafileni noqikelelo olulungisiweyo lwenkcitho yephondo;
- (d) zingaphelanga iintsuku ezisixhenxe emva kokubeka ngaphambi kwendlu yowiso-mthetho, linike uluhlu oluhlonyelweyo kwigosa lothumelo kwakunye nakuNongxowa weSizwe;
- (e) ingxelo, kwifomathi kwaye ngomhla oqingqwe nguNongxowa weSizwe, kwigosa lothumelo, kunongxowa wephondo nakuNongxowa weSizwe, ngazo zonke iinkcitho zeziseko ezincediswayo okanye ezixhaswa ngokupheleleyo siSibonelelo;
- (f) zingaphelanga iintsuku ezili-15 emva kokuba iphelile inyanga nganye, kwifomathi eqingqwe nguNongxowa weSizwe, linike unongxowa wephondo elichaphazelekayo kwakunye negosa lothumelo, ingxelo yengabula-zigcawu yeenkqubo zeziseko ezincediswayo nezixhaswa ngokupheleleyo zezo Zibonelelo;
- (g) zingaphelanga iintsuku ezingama-22 emva kokuphela kwenyanga nganye, linike igosa lothumelo, unongxowa wephondo ochaphazelekayo kwakunye noNongxowa weSizwe, ingxelo yokugqibela yeenkqubo zeziseko ezincediswayo okanye ezixhaswa ngokupheleleyo zezo Zibonelelo; kwaye
- (h) zingaphelanga iinyanga ezimbini zonyaka-mali ka-2024/25—
- (i) ngokusekelezwe kuhlalolwabiwo-mali leziseko zephondo, liphonononge inkqubela yemali neyezinto ezingachaphazeli imali zephondo ngokumayelana neenkqubo ezincediswayo okanye ezixhaswa ngokupheleleyo siSibonelelo; kwaye
- (ii) linike olo phononongo igosa lothumelo, unongxowa wephondo kwakunye noNongxowa weSizwe.
- (2) Igosa lolwamkelo leSibonelelo seZiseko zeMfundo okanye leSibonelelo soHlaziyo lweZiseko zeMpilo kumele—
- (a) zingaphelanga iintsuku ezingama-22 emva kokuphela kwekota nganye, linike igosa lothumelo, unongxowa wephondo ochaphazelekayo kwakunye noNongxowa weSizwe, ingxelo yokuzaliswa kwezithuba kwisiseko esiphunyeziweyo secandelo leziseko lweesebe lephondo elichaphazelekayo; kwaye
- (b) liqinisekise ukuba iiprojekthi zithobela imiqondiso namabakala asemganga-thweni olawulo lweziseko, nanjengoko kutyunjiwe kwaze kwaphunyezwa nguNongxowa weSizwe.

Imisebenzi ngokumayelana neengxelo zemali zonyaka kunye neengxelo zonyaka ka-2024/25

- 14.** (1) Iingxelo zemali zika-2024/25 zesebe lesizwe elijongene nokuthunyelwa kolwabiwo-mali kuShedyuli 4, 5 okanye 7 kumele, ukongeza kuyo nayiphi na imfuno yowiso-mthetho—
- (a) ibonise umyinge ophelileyo wolo lwabiwo-mali oluye kwiphondo okanye kumasipala;
- (b) ibonise nayiphi na intlawulo ethe yabanjwa okanye yamiswa ngokwemimiselo yesoloty 17 okanye 18 ngephondo ngalinye okanye umasipala ngamnye kwakunye nezizathu zokubanjwa okanye zokumiswa;

- (c) indicate any transfer not made in accordance with the payment schedule or amended payment schedule, unless withheld or stopped in terms of section 17 or 18, and the reason for the non-compliance;
- (d) indicate any reallocations by the National Treasury in terms of section 19;
- (e) certify that all transfers to a province or municipality were deposited into the primary bank account of a province or municipality; and 5
- (f) indicate the funds, if any, used for the administration of the allocation by the receiving officer.
- (2) The 2024/25 annual report of a national department responsible for transferring an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must, in addition to any requirement of any other legislation, indicate— 10
- (a) the reasons for the withholding or stopping of all transfers to a province or municipality in terms of section 17 or 18;
- (b) the systems used to monitor compliance with this Act by provinces or municipalities; 15
- (c) the extent that the allocation achieved its objectives and outputs; and
- (d) any non-compliance with this Act and the steps taken to address the non-compliance.
- (3) The 2024/25 financial statements of a provincial department receiving an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must, in addition to any requirement of any other legislation— 20
- (a) indicate the total amount of all allocations received;
- (b) indicate the total amount of allocations received that were budgeted to be transferred to municipalities and public entities, including— 25
- (i) the amounts transferred to municipalities and public entities, respectively; and
- (ii) the reasons for any discrepancies;
- (c) indicate the total amount of actual expenditure on each Schedule 5 or 7 allocation; and
- (d) certify that all transfers of allocations in Schedules 4, 5 and 7 to the province were deposited into the primary bank account of the province. 30
- (4) The 2024/25 annual report of a provincial department receiving an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must, in addition to any requirement of any other legislation—
- (a) indicate the extent that the provincial department complied with this Act;
- (b) indicate the steps taken to address non-compliance with this Act; 35
- (c) indicate the extent that the allocation achieved its objectives and outputs;
- (d) contain any other information that may be specified in the framework for the allocation; and
- (e) contain such other information as the National Treasury may determine.
- (5) The 2024/25 financial statements and annual report of a municipality receiving an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must be prepared in accordance with the Municipal Finance Management Act. 40
- (6) To facilitate the monitoring of performance and the audit of the allocations for the 2024/25 financial year, the National Treasury may determine the format in which receiving officers must report on conditional allocations to municipalities in terms of sections 11(2)(c) and 12(2)(c). 45

Part 3

Matters relating to Schedule 4 to 7 allocations

Publication of allocations and frameworks

15. (1) The National Treasury must, within 14 working days after this Act takes effect, publish by notice in the *Gazette*— 50
- (a) the conditional allocations per municipality for Part B of Schedule 5 allocations;

- (c) ibonise nayiphi na intlawulo engenziwanga ngokuhambelana neshedyuli yentlawulo okanye ishedyuli yentlawulo ehlonyelweyo, ngaphandle kokuba ibanjwe okanye imiswe ngokwemimiselo yesolotya 17 okanye 18, kwakunye nesizathu sokungathobeli imiqathango;
- (d) ibonise nalo naluphi na ulwabiwo-mali ngokutsha olwenziwe nguNongxowa weSizwe ngokwemimiselo yesolotya 19; 5
- (e) iqinisekise ukuba zonke iintlawulo zephondo okanye ezikamasipala zifakiwe kwi-akhawunti yebhanki yephondo okanye ekamasipala; kwaye
- (f) ibonise iimali, ukuba zikhona, ezisetyenziswe kumsebenzi wolwabiwo-mali ligosa lolwamkelo. 10
- (2) Iingxelo yonyaka ka-2024/25 yesebe lesizwe elijongene nokuthunyelwa kolwabiwo-mali kuShedyuli 4, 5 okanye 7 kumele, ukongeza kuyo nayiphi na imfuno yowiso-mthetho, ibonise—
- (a) izizathu zokubanjwa okanye zokumiswa kwazo zonke iintlawulo zephondo okanye ezikamasipala ngokwemimiselo yesolotya 17 okanye 18; 15
- (b) iinkqubo ezisetyenzisiweyo ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemiqathango ngalo Mthetho ngamaphondo okanye ngoomasipala;
- (c) umgama ohanjwe lolo lwabiwo-mali ukuphumeza injongo yalo; kwaye
- (d) nako nakuphi na ukungathotyelwa kwemiqathango yalo Mthetho kwakunye namanyathelo athatyathiweyo ukuqubisana nokungathotyelwa kwemiqathango. 20
- (3) Iingxelo zonyaka ka-2024/25 zesebe lesizwe elifumana ulwabiwo-mali kuShedyuli 4, 5 okanye 7 kumele, ukongeza kuyo nayiphi na imfuno yowiso-mthetho—
- (a) ibonise umyinge ophелеleyo wolwabiwo-mali oluthe lwafunyanwa;
- (b) ibonise ngokupheleleyo umyinge wolwabiwo-mali othe wafunyanwa obukuhlahlolwabiwo-mali ebeluza kuthunyelwa koomasipala nakumashishini karhulumente, nkqu— 25
- (i) nemyinge yeemali ezithunyelwe koomasipala nakumashishini karhulumente; kunye
- (ii) nezizathu zokungavisisani; 30
- (c) ibonise nomying ophēleleyo weyona nkcitho yokwenene kwiShedyuli nganye 5 okanye 7 yolwabiwo-mali; kwaye
- (d) igunyazise ukuba zonke iintlawulo zolwabiwo-mali ezikuShedyuli 4, 5 kunye 7 eziya emaphondweni ziye zahlawulwa kwi-akhawunti yebhanki yephondo.
- (4) Iingxelo yonyaka ka-2024/25 yesebe lephondo elifumana ulwabiwo-mali likaShedyuli 4, 5 okanye 7 kumele, ukongeza kuyo nayiphi na imfuno yowiso-mthetho— 35
- (a) ibonise umgama isebe lephondo eliyithobele ngayo imiqathango yalo Mthetho;
- (b) ibonise amanyathelo athatyathiweyo wokungathobeli imiqathango yalo Mthetho; 40
- (c) ibonise umgama ohanjwe lulwabiwo-mali ekuphumezeni iinjongo nemigomo yayo;
- (d) iqulathe naluphi na ulwazi olunokucacisa ngokukhethekileyo ngesiseko somsebenzi wolwabiwo-mali; kwaye 45
- (e) iqulathe naluphi na ulwazi olunjalo ngokwemiyalelo kaNongxowa weSizwe.
- (5) Iingxelo zemali zika-2024/25 zikamasipala ofumanayo kulwabiwo-mali lukuShedyuli 4, 5 okanye 7 kumele zilungiswe zihambelane noMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala.
- (6) Ukuququzelela ukujongwa komsebenzi kwakunye nophendlo lolwabiwo-mali lonyaka-mali ka-2024/25, uNongxowa weSizwe ungaqingqa ifomathi nalapho amagosa olwamkelo angasebenzisa yona ukunika ingxelo yolwabiwo-mali olunemibandela koomasipala ngokwemimiselo yamasolotya 11(2)(c) kwakunye 12(2)(c). 50

Isigaba 3

Imiba emayelana noShedyuli 4 ukuya ku-7 wolwabiwo-mali 55

Upapasho lolwabiwo-mali kunye neenkqubo zokusebenza

15. (1) UNongxowa weSizwe kumele, zingaphelanga iintsuku zomsebenzi ezili-14 zokusebenza kwalo Mthetho, apapashe kwi*Gazethi*—

- (a) ulwabiwo-mali olunemibandela lomasipala ngamnye kwiSigaba B sika-Shedyuli 5 wolwabiwo-mali; 60

- (b) the indicative conditional allocations per province for Part A of Schedule 6 allocations and per municipality for Part B of Schedule 6 allocations; and
- (c) the framework for each conditional allocation in Schedules 4 to 7.
- (2) For purposes of correcting an error or omission in an allocation or framework published in terms of subsection (1)(a) or (c), the National Treasury must— 5
- (a) on its initiative and after consultation with the relevant transferring officer; or
- (b) at the written request of the relevant transferring officer,
- by notice in the *Gazette*, amend the affected allocation or framework.
- (3) The National Treasury may, after consultation with the relevant transferring officer and by notice in the *Gazette*, amend an indicative conditional allocation in Schedule 6 10 published in terms of subsection (1)(b).
- (4) Before amending a framework in terms of subsection (2), the National Treasury must submit the proposed amendment to Parliament for comment for a period of 14 days when Parliament is in session.
- (5) An amendment of an allocation or framework in terms of subsection (2) or (3) 15 takes effect on the date of publication of the notice in the *Gazette*.

Expenditure in terms of purpose and subject to conditions

- 16.** (1) Despite any other legislation to the contrary, an allocation referred to in Schedules 4 to 7 may only be used for the purpose stipulated in the Schedule concerned and in accordance with the applicable framework. 20
- (2)(a) A framework may provide for components within a conditional allocation that are subject to specific conditions.
- (b) A transferring officer may shift funds from one component to another—
- (i) after consulting the relevant receiving officer;
- (ii) with the approval of the National Treasury; and 25
- (iii) in accordance with the applicable appropriation legislation.
- (c) The National Treasury must publish a notice in the *Gazette* of a shift of funds in terms of paragraph (b) and include in the notice, the effective date of the shift.
- (3) A receiving officer may not allocate any portion of a Schedule 4 or 5 allocation to any other organ of state for the performance of a function, unless the receiving officer 30 and the organ of state agree on the obligations of both parties and a payment schedule, the receiving officer has notified the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury of the agreed payment schedule and—
- (a) the allocation— 35
- (i) is approved in the budget for the receiving provincial department or municipality; or
- (ii) if not already so approved—
- (aa) the receiving officer notifies the National Treasury that the purpose of the allocation is not to artificially inflate the expenditure estimates of the relevant provincial department or municipality and 40 indicates the reasons for the allocation; and
- (bb) the National Treasury approves the allocation; or
- (b) the allocation is for the payment for goods or services procured in accordance with the procurement prescripts applicable to the relevant province or municipality and, if it is an advance payment, paragraph (a)(ii) applies with 45 the necessary changes.
- (4) Section 21(1) and (2) applies to funds referred to in subsection (3).
- (5) The receiving officer must—
- (a) submit a copy of the agreement envisaged in subsection (3) to the transferring officer and the National Treasury; and 50

- (b) ubonakaliso lolabiwo-mali olunemibandela lephondo ngalinye kwiSigaba A sikaShedyuli 6 kwakunye nomasipala ngamnye kwiSigaba B sikaShedyuli 6; kunye
- (c) nesiseko somsebenzi ngamnye wolwabiwo-mali olunemibandela kuShedyuli 4 ukuya ku-7. 5
- (2) Ngezizathu zokulungisa impazamo kulwabiwo-mali okanye kwisiseko somsebenzi esipapashiweyo ngokwemimiselo yesolotyana (1)(a) okanye (c), uNongxowa weSizwe kumele—
- (a) ngokwakhe kwaye emva kokuba eboniseni negosa lothumelo elichaphazelekayo; okanye 10
- (b) ngesicelo esibhaliweyo segosa lothumelo elichaphazelekayo, ngesaziso kwiGazethi,
- ahlomele ulwabiwo-mali okanye isiseko somsebenzi esichaphazelekayo.
- (3) UNongxowa weSizwe unako, emva kokuba ebonisene negosa lothumelo elichaphazelekayo kwakunye nangesaziso kwiGazethi, ukuhlomela ubonakaliso lolwabiwo-mali olunemibandela kuShedyuli 6 opapashwe ngokwemimiselo yesolotyana (1)(b). 15
- (4) Ngaphambili kokuhlomela isiseko somsebenzi ngokwemimiselo yesolotyana (2), uNongxowa weSizwe kumele athumele isihlomelo esiyilwayo ePalamente ukuze siveze izimvo zayo ixesha elingaka ngeentsuku ezili-14 xa iPalamente iqhuba. 20
- (5) Isihlomelo solwabiwo-mali okanye esesiseko somsebenzi ngokwemimiselo yesolotyana (2) okanye (3) siqala ukusebenza ngomhla owaziswe kwiGazethi.

Inkcitho ngokwemimiselo yenjongo kwakunye nemibandela

16. (1) Ngaphandle kowiso-mthetho olunokuchasana, ulwabiwo-mali ekubhekiswa kulo kuShedyuli 4 ukuya ku-7 lungasetyenziswa kuphela ngesizathu esidakacwe kwiShedyuli enxulumeneyo kwaye nangokuhambelana nesiseko somsebenzi esichaphazelekayo. 25
- (2)(a) Isiseko somsebenzi singanawo amacandelo ngaphakathi kolwabiwo-mali olunemibandela naxhomekeke kwimibandela ekhethekileyo.
- (b) Igosa lothumelo lingayisusa imali kwelinye icandelo liyise kwelinye— 30
- (i) emva kokuthethana negosa lolwamkelo elichaphazelekayo;
- (ii) ibe loo nto igunyazisiwe nguNongxowa weSizwe; kwaye
- (iii) ihambelane nowiso-mthetho lolwabiwo olusebenzayo kule meko.
- (c) UNongxowa weSizwe kumele apapashe kwiGazethi isaziso esingokususwa kwemali ngokwemimiselo ekumhlathi (b) aze aqube kweso saziso, umhla eza kususwa ngawo. 35
- (3) Igosa lolwamkelo alinokwaba nentwana kaShedyuli 4 okanye 5 liyabela amacandelo karhulumente ukuba akwazi ukwenza umsebenzi, ngaphandle kokuba igosa lolwamkelo kunye necandelo likarhulumente bathe bavumelana ngemigomo phakathi kwezi ntlaka zombini kwakunye neshedyuli yentlawulo, libe igosa lolwamkelo lilazisile igosa lothumelo, unongxowa wephondo ochaphazelekayo kwakunye noNongxowa weSizwe ngesivumelwano seshedyuli yentlawulo kwaye— 40
- (a) ulwabiwo-mali—
- (i) luphunyeziwe kuhlalolwabiwo-mali lesebe lephondo elifumanayo okanye likamasipala; okanye 45
- (ii) ukuba alikaphunyezwa—
- (aa) igosa lolwamkelo lwazisa uNongxowa weSizwe ukuba injongo yolu lwabiwo-mali ayokokonyusa uqikelelo lwenkcitho engekho yo lesebe lephondo elichaphazelekayo okanye umasipala lize lidakace 50
- (bb) uNongxowa weSizwe agunyazise olo lwabiwo-mali; okanye
- (b) ulwabiwo-mali lolokuhlulula izinto okanye iinkonzo ezenziweyo ngokuhambelana nemigqaliselo yonaniswano lweezinto neenkono kwelo phondo okanye kuloo masipala uchaphazelekayo kwaye, ukuba yintlawulo ehamba ngaphambili komsebenzi, umhlathi (a)(ii) iba nguwo osebenzayo ngotshintsho oluyimfuneko. 55
- (4) Isolotyana 21(1) kunye (2) ngawo asebenzayo kule mali ekubhekiswa kuyo kwisolotyana (3).
- (5) Igosa lolwamkelo kumele—
- (a) linike ikopi yesivumelwano esidakacwe kwisolotyana (3) kwigosa lothumelo nakuNongxowa weSizwe; lize 60

- (b) publish by notice in the *Gazette*, the allocations envisaged in subsection (3) before payment is made.
- (6)(a) For purposes of the implementation of a Schedule 6 allocation to a municipality—
- (i) Eskom Holdings Limited may receive funds directly from the transferring officer of the Department of Mineral Resources and Energy; or 5
 - (ii) a water board, as defined in section 1 of the Water Services Act, 1997 (Act No. 108 of 1997), may receive funds directly from the transferring officer of the Department of Water and Sanitation.
- (b) A transferring officer may withhold the funds allocated in terms of paragraph (a), or any portion thereof, for a period not exceeding 30 days, if— 10
- (i) Eskom Holdings Limited or the relevant water board does not comply with this Act;
 - (ii) roll-overs of conditional allocations approved by the National Treasury in terms of section 21 have not been spent; or 15
 - (iii) there is significant under-expenditure on previous transfers during the 2024/25 financial year.
- (c) A transferring officer must, at least seven working days before withholding an allocation in terms of paragraph (b)—
- (i) give Eskom Holdings Limited or the relevant water board— 20
 - (aa) notice of the intention to withhold the allocation; and
 - (bb) an opportunity to submit written representations as to why the allocation should not be withheld; and
 - (ii) inform the relevant municipality, the National Treasury, the relevant provincial treasury and the provincial department responsible for local government of the withholding. 25
- (d) A notice envisaged in paragraph (c)(i)(aa) must include the reasons for withholding the allocation and the intended duration of the withholding.
- (e)(i) The National Treasury may instruct, or approve a request from, the transferring officer to withhold an allocation in terms of paragraph (b) for a period of 30 to 120 days, if the withholding shall— 30
- (aa) facilitate compliance with this Act; or
 - (bb) minimise the risk of under-spending by Eskom Holdings Limited or the relevant water board.
- (ii) When requesting the withholding of an allocation in terms of this subsection, a transferring officer must submit to the National Treasury proof of compliance with paragraph (c) and any representations received from Eskom Holdings Limited or the relevant water board. 35
 - (iii) The transferring officer must comply with paragraph (c) when the National Treasury instructs or approves a request by the transferring officer in terms of paragraph (e)(i). 40
- (f) Despite paragraph (b), a transferring officer may reallocate funds in terms of section 19(3).
- (g)(i) Section 21(1) and (2) applies to funds referred to in paragraph (a). 45
 - (ii) Eskom Holdings Limited or the relevant water board must ensure that any funds that must revert to the National Revenue Fund in terms of section 21(1) are paid into that Fund by the date determined by the National Treasury.
 - (iii) Eskom Holdings Limited or the relevant water board must request the roll-over of unspent funds through the relevant transferring officer.
- (7)(a) For purposes of the Human Settlements Development Grant and the Informal Settlements Upgrading Partnership Grant: Provinces, a receiving officer and a municipality with level one or two accreditation or functions assigned in terms of section 126 of the Constitution to administer all aspects, including financial administration of a national housing programme (herein called “assigned functions”) as at 1 April 2024, must, by the date determined by the National Treasury— 50
- (i) agree on a payment schedule; and 55
 - (ii) submit, through the relevant provincial treasury, the payment schedule to the National Treasury.

- (b) lipapashe isaziso *kwiGazethi*, ulwabiwo-mali oludakacwe kwisolotyana (3) ngaphambili kokuba intlawulo yenziwe.
- (6)(a) Ngezizathu zokwenziwa kolwabiwo-mali elikuShedyuli 6 oluya kumasipala—
- (i) I-Eskom Holdings Limited ingafumana imali esuka ngqo kwigosa lothumelo leSebe leZimbiwa naMandla; okanye 5
- (ii) kwibhodi yamanzi, nanjengoko kucacisiwe kwisolotyana 1 loMthetho weeNkonzo zaManzi, ka-1997 (uMthetho No. 108 ka-1997), ingafumana imali esuka ngqo kwigosa lothumelo leSebe loGutyulo Lelindle naManzi.
- (b) Igosa lothumelo lingayibamba imali eyabiwe ngokwemimiselo yomhlathi (a), okanye nayiphi na inxalenye yoko, ixesha elingagqithanga kwiintsuku ezingama-30, ukuba— 10
- (i) i-Eskom Holdings Limited okanye ibhodi yamanzi echaphazelekayo ithe ayayithobela imiqathango yalo Mthetho;
- (ii) ukwandiswa kwemibandela yolwabiwo olugunyaziswe nguNongxowa weSizwe ngokwemimiselo yesolotyana 21 engasetyenziswanga; okanye 15
- (iii) kukhona imali enkulu engasetyenziswanga kwiintlawulo zangaphambili zikanyaka-mali ka-2024/25.
- (c) Igosa lothumelo kumele, kwiintsuku ezisixhenxe ngaphambili kokuba alubambe ulwabiwo-mali ngokwemimiselo yomhlathi (b)—
- (i) anike i-Eskom Holdings Limited okanye ibhodi yamanzi echaphazelekayo— 20
- (aa) isaziso senjongo yokubamba ulwabiwo-mali; kunye
- (bb) nethuba lokufaka ingcaciso ebhaliweyo yokuba kutheni ulwabiwo-mali kungamelanga lubanjwe; lize
- (ii) lazise umasipala ochaphazelekayo, uNongxowa weSizwe, unongxowa wephondo ochaphazelekayo kwakunye nesebe lephondo elijongene noorhulumente basemakhaya ngolu banjo. 25
- (d) Isaziso esidakacwe kumhlathi (c)(i)(aa) kumele siquke izizathu zokubanjwa kolwabiwo-mali kwakunye nexesha eliza kulithatha olo banjo.
- (e)(i) UNongxowa weSizwe kumele ayalele, okanye agunyazise isicelo esisuka, kwigosa lothumelo lokubamba ulwabiwo-mali ngokwemimiselo yomhlathi (b) ixesha elingaka ngeentsuku ezingama-30 ukuya kwezili-120, ukuba ubanjo olo luza— 30
- (aa) kuququzelela ukuthotyelwa kwalo Mthetho; okanye
- (bb) luza kwehlisa umngcipheko wokungasetyenziswa yonke imali yi-Eskom Holdings Limited okanye yibhodi yamanzi echaphazelekayo.
- (ii) Xa licela ukubanjwa kolwabiwo-mali ngokwemimiselo yeli solotyana, igosa lothumelo kumele linike uNongxowa weSizwe ubungqina bokuthotyelwa kwemiqathangoekumhlathi (c) kwakunye nako nakuphi na ukumelwa kwe-Eskom Holdings Limited okanye ibhodi yamanzi echaphazelekayo. 35
- (iii) Igosa lothumelo kumele lithobele imiqathango ekumhlathi (c) xa uNongxowa weSizwe ethe wayalele okanye waphumeza isicelo segosa lothumelo ngokwemimiselo yomhlathi (e)(i). 40
- (f) Ngaphandle komhlathi (b), igosa lothumelo linako ukuphinde liyabe imali ngokwemimiselo yesolotyana 19(3).
- (g)(i) ISolotyana 21(1) kunye (2) ngawo asebenzayo kwimali ekubhekiswa kuyo kumhlathi (a). 45
- (ii) I-Eskom Holdings Limited okanye ibhodi yamanzi echaphazelekayo kumele ziqinisekise ukuba nayiphi na imali ekumele ibuyele kwiNgxowa yeNgeniso yeSizwe ngokwemimiselo yesolotyana 21(1) ihlawuliwe kuloo Ngxowa ngomhla oqingqwe nguNongxowa weSizwe.
- (iii) I-Eskom Holdings Limited okanye ibhodi yamanzi echaphazelekayo kumele zicele ukwandiselwa ixesha ngemali ezingayichithanga zikwenze oko ngegosa lothumelo 50
- (7)(a) Ngezizathu zeSibonelelo soPhuhliso lweNtlalo yaBantu kwaneSibonelelo soBudlelwane bokuPhucula iNtlalo yooGobityholo; amaPhondo, igosa lolwamkelo kwakunye nomasipala onebakala lokuqala okanye elesibini logunyaziso okanye lemisebenzi ayinikiweyo ngokwemimiselo yesolotyana 126 loMgaqo-siseko lokuvelela zonke iinkalo, eziquka ukuphathwa kweemali zenkqubo yezindlu yesizwe (ebizwa ke ngoko “imisebenzi enikiweyo”) ukusukela ngomhla woku-1 kwekaTshazimpunzi 2024, kumele, ngomhla oqingqwe nguNongxowa weSizwe— 55
- (i) bavumelane ngeshedyuli yentlawulo; baze 60
- (ii) bayinike, phofu beqale bayigqithisa kunongxowa wephondo elichaphazelekayo, ishedyuli yentlawulo kuNongxowa weSizwe.

(b) If a municipality receives accreditation after 1 April 2024, the National Treasury may approve that paragraph (a) applies.

(c) If the transfer of the Human Settlements Development Grant and the Informal Settlements Upgrading Partnership Grant: Provinces to a municipality with assigned functions is withheld or stopped in terms of section 17 or 18, the receiving officer must request the National Treasury to amend the payment schedule in terms of section 23. 5

(8) If a function, which is partially or fully funded by a conditional allocation to a province, is assigned to a municipality, as envisaged in section 10 of the Municipal Systems Act—

(a) the funds from the conditional allocation for the province for the function must be stopped in terms of section 18 and reallocated in terms of section 19 to the municipality, which has been assigned the function; 10

(b) if possible, the province must finalise any project or fulfil any contract regarding the function before the date the function is assigned and, if not finalised, the province must notify the relevant municipality and the National Treasury; 15

(c) any project or contract regarding the function not finalised or fulfilled at the date at which the function is assigned, must be subjected to an external audit and the province and the municipality must enter into an agreement to complete the project or fulfil the contract through ceding it to the municipality; 20

(d) money that is retained by the province for any contract related to the function that is not ceded to the municipality must be spent by 31 March 2025 and shall not be available in terms of section 30 of the Public Finance Management Act or section 22(2) of this Act; 25

(e) the receiving officer of the province must, within seven days after the function is assigned, submit to the transferring officer and the National Treasury a list of liabilities that are attached to the function, but that were not transferred to the municipality, to provide for the adjustment of the applicable allocations; and 30

(f) the receiving officer of the municipality must, within one month from the date of the stopping of funds in paragraph (a), submit to the transferring officer a revised plan for its planned expenditure.

Withholding of allocations

17. (1) Subject to subsections (2) and (3), a transferring officer may withhold the transfer of a Schedule 4 or 5 allocation, or any portion thereof, for a period not exceeding 30 days, if— 35

(a) the province or municipality does not comply with any provision of this Act;

(b) roll-overs of conditional allocations approved by the National Treasury in terms of section 21 have not been spent; or 40

(c) there is significant under-expenditure on previous transfers during the 2024/25 financial year.

(2) If an allocation is withheld in terms of subsection (1), it suspends the applicable payment schedule, approved in terms of section 22(3), until it is amended in terms of section 23. 45

(3) The amount withheld in terms of this section in the case of the Human Resources and Training Grant or the National Tertiary Services Grant listed in Part A of Schedule 4 may not exceed five per cent of the next transfer as contained in the relevant payment schedule.

(4) A transferring officer must, at least seven working days before withholding an allocation in terms of subsection (1)— 50

(a) give the relevant receiving officer—

(i) notice of the intention to withhold the allocation; and

(ii) an opportunity to submit written representations as to why the allocation should not be withheld; and 55

(b) Ukuba umasipala ufumana isigunyaziso emva komhla woku-1 kwekaTshazimpuzi 2024, uNongxowa weSizwe unako ukugunyazisa ukusebenza komhlathi (a).

(c) Ukuba intlawulo yeSibonelelo soPhuhliso lweNtlalo yaBantu kwakunye neSibonelelo soBudlelwane bokuPhucula iNtlalo yooGobityholo: amaPhondo kumasipala onemisebenzi ayinikiweyo ebanjiweyo okanye emisiweyo ngokwemimiselo yesoloty 17 okanye 18, igosa lolwamkelo kumele licele uNongxowa weSizwe ukuba ahlomele ishedyuli yentlawulo ngokwemimiselo yesoloty 23. 5

(8) Ukuba imisebenzi, encedisiweyo okanye exhaswe ngokupheleleyo lulwabiwo-mali olunemibandela, ithe yanikwa umasipala, nanjengoko kudakaciwe kwisoloty 10 loMthetho weeNkqubo zikaMasipala— 10

(a) imali esuka kulwabiwo-mali olunemibandela lephondo lomsebenzi kumele limiswe ngokwemimiselo yesoloty 18 kunye nokwabiwa ngokutsha ngokwemimiselo yesoloty 19 kumasipala, obeye wanikwa umsebenzi; 15

(b) ukuba kuyenzeka, kumele igqibezele iprojekthi okanye izalisekise nasiphi na isivumelwano ngokumayelana nomsebenzi ngaphambili komhla umsebenzi onikwe ngawo kwaye, ukuba awugqityezelwanga, iphondo kumele lazise umasipala ochaphazelekayo kwakunye noNongxowa weSizwe; 20

(c) nayiphi na iprojekthi okanye isivumelwano esimayelana nomsebenzi ongagqitywanga okanye ongazalisekiswa ngomhla umsebenzi osikelwe wona, kumele unikelwe kumphicothi wangaphandle nephondo kwakunye nomasipala kumele bangene kwisivumelwano sokugqibezela loo projekthi okanye sokuzalisekisa eso sivumelwano ngokusinikela kumasipala; 25

(d) imali engasetyenziswanga liphondo kwisivumelwano esinxulumene nomsebenzi ongagqithiselwanga kumasipala kumele ichithwe ngaphambi komhla wama-31 kweyoKwindla 2025 kwaye ayizukufumaneka ngokwemimiselo yesoloty 30 loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaRhulumente okanye ngokwesoloty 22(2) lalo Mthetho; 30

(e) igosa lolwamkelo lephondo kumele, zingaphelanga iintsuku ezisixhenxe emva kokuba lo msebenzi unikiwe, linike igosa lothumelo noNongxowa weSizwe uluhlu lwezinto ekumele zenziwe neziqhoshelwe kulo msebenzi, kodwa ebezingathunyelwanga kumasipala, ukuze kukwazi ukuhlangahle-ngiswa kolo lwabiwo-mali; kwaye 35

(f) igosa lolwamkelo lomasipala kumele, ingaphelanga inyanga ukusukela ngala mhla yamiswa ngayo imali ekumhlathi (a), linike igosa lothumelo isicwangciso esihlaziye weyo senkcitho. 35

Ukubanjwa kolwabiwo-mali

17. (1) Ngokuxhomekeke kumasolotyana (2) kunye (3), igosa lothumelo linako ukuyibamba intlawulo yolwabiwo-mali kaShedyuli 4 okanye 5, okanye nayiphi na inxalenye, ixesha elingadlulanga kwiintsuku ezingama-30, ukuba— 40

(a) iphondo okanye umasipala aziyithobeli imiyalelo yalo Mthetho;

(b) uhlangahleliso lolwabiwo-mali oluphunyeziweyo nguNongxowa weSizwe ngokwemimiselo yesoloty 21 luthelalasetyenziswa; okanye

(c) kukhona imali enkulu engasetyenziswanga kwiintlawulo zangaphambili zikanyaka-mali ka-2024/25. 45

(2) Ukuba ulwabiwo-mali luthelalwabanjwa ngokwemimiselo yesolotyana (1), iyamiswa ishedyuli yentlawulo echaphazelekayo, nethe yagunyaziswa ngokwemimiselo yesoloty 22(3), kude ihlonyelwe ngokwemimiselo yesoloty 23.

(3) Umyinge wemali ebanjiweyo ngokwemimiselo yeli soloty kwiimeko apho uHuman Resources kwakunye neSibonelelo soQeqesho okanye iSibonelelo seeNkonzo zamaZiko aPhakamileyo eSizwe adweliswe kwiSigaba A sikaShedyuli 3 awugqithanga kwiiphesenti ezintlanu zentlawulo elandelayo nanjengoko iqulathiwe kwishedyuli yentlawulo echaphazelekayo. 50

(4) Igosa lothumelo kumele, kwiintsuku ezisixhenxe ngaphambili kokubanjwa kolabiwo-mali ngokwemimiselo yesolotyana (1)— 55

(a) linike igosa lolwamkelo elichaphazelekayo—

(i) isaziso senjongo yokubanjwa kolabiwo-mali; kwaye

(ii) linethuba lokufaka ingcaciso ebhaliweyo yokuba kutheni ulwabiwo-mali kungamelanga lubanjwe; lize

- (b) inform the relevant provincial treasury and the National Treasury, and in respect of any conditional allocation to a municipality, also the provincial department responsible for local government of the withholding.
- (5) A notice envisaged in subsection (4)(a)(i) must include the reasons for withholding the allocation and the intended duration of the withholding to inform the amendment of the payment schedule in terms of section 23. 5
- (6)(a) The National Treasury may instruct, or approve a request from, the transferring officer to withhold an allocation in terms of subsection (1) for a period of 30 to 120 days, if the withholding shall—
- (i) facilitate compliance with this Act; or 10
- (ii) minimise the risk of under-spending by the relevant provincial department or municipality.
- (b) When requesting the withholding of an allocation in terms of this subsection, a transferring officer must submit to the National Treasury proof of compliance with subsection (4) and any representations received from the receiving officer. 15
- (c) The transferring officer must comply with subsection (4) when the National Treasury instructs or approves a request by the transferring officer in terms of paragraph (a).

Stopping of allocations

- 18.** (1) Despite section 17, the National Treasury may, in its discretion or on request of a transferring officer or a receiving officer, stop the transfer of a Schedule 4 or 5 allocation, or a portion thereof, to a province or municipality— 20
- (a) in the case of—
- (i) a province, if a serious or persistent material breach of this Act, as envisaged in section 216(2) of the Constitution, occurs; or 25
- (ii) a municipality, if—
- (aa) a serious or persistent material breach of this Act, as envisaged in section 216(2) of the Constitution, read with section 38(1)(b)(i) of the Municipal Finance Management Act, occurs; or
- (bb) a breach or failure to comply, as envisaged in section 38(1)(b)(ii) of the Municipal Finance Management Act, occurs; 30
- (b) if the National Treasury anticipates that a province or municipality shall substantially underspend on the allocation, or any programme, partially or fully funded by the allocation, in the 2024/25 financial year; or
- (c) for purposes of the assignment of a function from a province to a municipality, as envisaged in section 10 of the Municipal Systems Act. 35
- (2) A request by a transferring officer or a receiving officer to stop the transfer of a Schedule 4 or 5 allocation, or a portion thereof to a province or municipality in terms of section 18(1)(a) or (b) must, in the case of—
- (a) a province, be submitted to the National Treasury by 30 December 2024; and 40
- (b) a municipality, be submitted to the National Treasury by 31 January 2025.
- (3) The National Treasury must, before stopping an allocation in terms of subsection (1)(a)(i) or (b)—
- (a) comply with the procedures in section 17(4)(a), with the necessary changes; and 45
- (b) inform the relevant transferring officer and provincial treasury of its intention to stop the allocation.
- (4) The National Treasury must, before stopping an allocation in terms of subsection (1)(a)(ii), comply with the applicable provisions of section 38 of the Municipal Finance Management Act. 50

- (b) lazise unongxowa wephondo ochaphazelekayo noNongxowa weSizwe, kwaye ngokumayelana nalo lonke ulwabiwo-mali olunemibandela koomasipala, kwaye nesebe lephondo elijongene noorhulumente basemakhaya ngokubanjwa.
- (5) Isaziso esidakacwe kwisolotyana (4)(a)(i) kumele siquke izizathu zokubanjwa kolwabiwo-mali kwakunye nexesha eliza kulithatha olo banjo ukuze kwaziswe ukuhlonyelwa kweshedyuli yentlawulo ngokwemimiselo yesolotyana 23. 5
- (6)(a) UNongxowa weSizwe angayalela, okanye agunyazise isicelo esisuka, kwigosa lothumelo ukuba lilubambe ulwabiwo-mali ngokwemimiselo yesolotyana (1) ixesha elingaka ngeentsuku ezingama-30 ukuya kwezili-120, ukuba ubanjo olo luza— 10
- (i) kuququzelela ukuthotyelwa kwalo Mthetho; okanye
- (ii) kwehlise umngcipheko wokungasetyenziswa yonke imali lisebe lephondo elichaphazelekayo okanye ngumasipala.
- (b) Xa kucelwa ukubanjwa kolwabiwo-mali ngokwemimiselo yeli solotyana, igosa lothumelo kumele linike uNongxowa weSizwe ubungqina bokuthotyelwa kwesolotyana (4) kwakunye nazo zonke iingcaciso ezifunyenweyo kwigosa lolwamkelo. 15
- (c) Igosa lothumelo kumele lithobele imiqathango yesolotyana (4) xa uNongxowa weSizwe ethe wayalela okanye waphumeza isicelo segosa lothumelo ngokwemimiselo yomhlathi (a).
- Ukumiswa kolwabiwo-mali** 20
- 18.** (1) Ngaphandle kwesolotyana 17, uNongxowa weSizwe unako, ngokokubona kwakhe okanye ngesicelo esivela kwigosa lothumelo okanye kwigosa lolwamkelo, ukumisa intlawulo kaShedyuli 4 okanye 5 yolwabiwo-mali, okanye inxalenye yayo, ebisiya kwiphondo okanye kumasipala—
- (a) kwimeko apho— 25
- (i) kwiphondo kukhona ulwaphulo lwesivumelwano olungqingqa okanye lithe gqolo ukwaphula isivumelwano salo Mthetho, nanjengoko udakaciwe kwisolotyana 216(2) loMgaqo-siseko, kwenzeka; okanye
- (ii) umasipala, ukuba—
- (aa) kukhona ulwaphulo lwesivumelwano okanye uthe gqolo ukwaphula isivumelwano salo Mthetho, nanjengoko udakaciwe kwisolotyana 216(2) loMgaqo-siseko, funda kunye nesolotyana 38(1)(b)(i) loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, kwenzeka; okanye 30
- (bb) ulwaphulo okanye usilelo lokuthobela imiqathango, edakacwe kwisolotyana 38(1)(b)(ii) loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, kwenzeka; 35
- (b) ukuba uNongxowa weSizwe uqikelela ukuba iphondo okanye umasipala kungenzeka angayisebenzi yonke imali ayabelweyo, okanye nayiphi na inkqubo, encediswayo okanye exhaswa ngokupheleleyo lulwabiwo-mali, kunyaka-mali ka-2024/25; okanye 40
- (c) ngeenjongo zomsebenzi osuka kwiphondo usiya kumasipala, nanjengoko udakaciwe kwisolotyana 10 loMthetho weeNkqubo zikaMasipala.
- (2) Isicelo segosa lothumelo okanye segosa lolwamkelo sokumiswa kwentlawulo kaShedyuli 4 okanye 5 yolwabiwo-mali, okanye inxalenye yayo kwiphondo okanye kumasipala ngokwemimiselo yesolotyana 18(1)(a) okanye (b) kumele, kwimeko apho— 45
- (a) iphondo, limnikile uNongxowa weSizwe ngomhla wama-30 kweyoMnga 2024; kwaye
- (b) umasipala, emnikile uNongxowa weSizwe ngomhla wama-31 kweyoMqungu 2025. 50
- (3) UNongxowa weSizwe kumele, ngaphambili kokuba amise ulwabiwo-mali ngokwemimiselo yesolotyana (1)(a)(i) okanye (b)—
- (a) athobele imiqathango yeenkqubo zesolotyana 17(4)(a), kwakunye notshintsho oluyimfuneko; kwaye
- (b) azise igosa lothumelo elichaphazelekayo kunye nonongxowa wephondo ngenjongo yakhe yokumisa ulwabiwo-mali. 55
- (4) UNongxowa weSizwe kumele, ngaphambili kokuba amise ulwabiwo-mali ngokwemimiselo yesolotyana (1)(a)(ii), athobele imiqathango yesolotyana 38 loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala.

(5) The National Treasury must give notice in the *Gazette* of the stopping of an allocation or a portion thereof in terms of this section, and include in the notice, the effective date of and reason for the stopping.

(6)(a) If—

- (i) an allocation, or any portion thereof, is stopped in terms of subsection (1)(a) or (b); and 5
- (ii) the relevant transferring officer certifies, in writing, to the National Treasury that the payment of an amount in terms of a statutory or contractual obligation is overdue and the allocation, or a portion thereof, was intended for payment of the amount, 10

the National Treasury may, by notice in the *Gazette*, approve that the allocation, or any portion thereof, be used to pay that amount partially or fully.

(b) The utilisation of funds envisaged in this subsection is a direct charge against the National Revenue Fund.

Reallocation of funds 15

19. (1) When a Schedule 4 or 5 allocation, or a portion thereof, is stopped in terms of section 18(1)(a) or (b), the National Treasury may, after consultation with the transferring officer and the relevant provincial treasury, determine the portion of the allocation to be reallocated, as the same type of allocation as it was allocated originally, to one or more provinces or municipalities, on condition that the allocation must be spent by the end of the 2024/25 financial year. 20

(2)(a) When a Schedule 4 or 5 allocation, or a portion thereof, is stopped in terms of section 18(1)(c), the National Treasury must, after consultation with the transferring officer and the relevant provincial treasury, determine the portion of the allocation to be reallocated, as the same type of allocation as it was allocated originally, to the affected municipalities, on condition that the allocation must be spent by the end of the 2024/25 financial year. 25

(b) The portion of the allocation reallocated in terms of paragraph (a) is, with effect from the date of the notice in the *Gazette* in terms of subsection (4)(a), regarded as having been converted to an allocation in Part B of the same Schedule it appears before the reallocation. 30

(3)(a) If the transferring officer of a Schedule 6 allocation indicates, in writing, to the National Treasury that a portion of the allocation is likely to be underspent, or needs to be reprioritised to meet a priority, the National Treasury may, at the request of the transferring officer, determine that the portion be reallocated, as the same type of allocation as it was allocated originally, to a provincial department of another province or to another municipality. 35

(b) Before requesting a reallocation, the transferring officer must notify the affected provincial department or municipality of the proposed reallocation and give the provincial department or municipality at least 14 days to provide comments and propose changes. 40

(c) When making a request in terms of paragraph (a), the transferring officer must submit to the National Treasury comments and proposed changes provided by the affected provincial department or municipality in terms of paragraph (b).

(d) The reallocated portion must be spent by the end of the 2024/25 financial year. 45

(e) The reallocated portion is regarded as having been converted to an allocation to the relevant provincial department or municipality with effect from the date of the notice in the *Gazette* in terms of subsection (4)(a).

(4)(a) The National Treasury must—

- (i) give notice in the *Gazette* of a reallocation in terms of subsection (1), (2) or (3); and 50
- (ii) provide a copy of the notice to the transferring officer and each affected receiving officer.

(b) The reallocation of a portion of an allocation not spent by the end of the 2024/25 financial year is eligible for a roll-over in terms of section 21(2). 55

(5)(a) When an intervention in terms of section 100 or 139 of the Constitution or section 137, 139 or 150 of the Municipal Finance Management Act takes place, the

(5) UNongxowa weSizwe kumele enze isaziso *kwiGazethi* ngokumiswa kolwabiwo-mali okanye inxalenye yalo ngokwemimiselo yeli solotyana, kwaye aquke kwisaziso, umhla wokuqala wokumiswa kwakunye nezizathu zokumiswa.

(6)(a) ukuba—

(i) ulwabiwo-mali, okanye inxalenye yalo, imisiwe ngokwemimiselo yesolotyana (1)(a) okanye (b); kwaye 5

(ii) igosa lothumelo elichaphazelekayo liyagunyazisa, ngokubhala phantsi, libhalela uNongxowa weSizwe ukuba intlawulo yomyinge ngokwemimiselo yemigomo yesivumelwano esityikityiweyo sishiywe lixesha kwaye ulwabiwo-mali, okanye inxalenye yalo, ibiyenzelwe ukuhlawula umyinge, 10

uNongxowa weSizwe unako, ngokwenza isaziso *kwiGazethi*, ukugunyazisa olo lwabiwo-mali, okanye nayiphi na inxalenye yalo, ingasetyenziselwa ukuhlawula loo myinge ngesiqingatha okanye ngokupheleleyo.

(b) Ukusetyenziswa kwemali ngokubhalwe kweli solotyana kungqala ngqo kwiNngxowa yeNgeniso yeSizwe. 15

Ukwabiwa ngokutsha kwemali

19. (1) Xa ulwabiwo-mali luka Shedyuli 4 okanye 5, okanye inxalenye yalo, imisiwe ngokwemimiselo yesolotyana 18(1)(a) okanye (b), uNongxowa weSizwe unako, emva kokuthethana negosa lothumelo kwakunye nonongxowa wephondo ochaphazelekayo, ukuqingqa inxalenye yolwabiwo ekumele liphinde labiwe, njengohlobo lolwabiwo ebekulilo ngaphambili, kwelinye nangaphezulu amaphondo okanye oomasipala, ngomqathango nje othi ulwabiwo-mali kumele lusetyenziswe ngaphambili kokuphela konyaka-mali ka-2024/25. 20

(2)(a) Xa ulwabiwo-mali lukaShedyuli 4 okanye 5, okanye inxalenye yalo, imisiwe ngokwemimiselo yesolotyana 18(1)(c), uNongxowa weSizwe kumele, emva kokuba ethethene negosa lothumelo kwakunye nonongxowa wephondo ochaphazelekayo, aqingqe umyinge wolwabiwo-mali ekumele liphinde labiwe, njengohlobo lolwabiwo ebekulilo ngaphambili, kwabo masipala abachaphazelekileyo, ngomqathango nje othi olo lwabiwo-mali kumele lusetyenziswe ungaphelanga unyaka-mali ka-2024/25. 25

(b) Inxalenye yolwabiwo-mali ephinde yabiwa ngokwemimiselo yomhlathi (a) izothi, iqalise ukusebenza ukusukela ngomhla wesaziso *kwiGazethi* ngokwemimiselo yesolotyana (4)(a), yaziwe njengetshintshiweyo yaba lulwabiwo-mali leSigaba B sale Shedyuli inye ebivela ngaphambili ulwabiwo-mali kwakhona. 30

(3)(a) Ukuba igosa lothumelo lukaShedyuli 6 lolwabiwo-mali lithe labonisa, ngokubhala phantsi, uNongxowa weSizwe ukuba inxalenye yolwabiwo-mali kungenzeka lungasetyenziswa lonke, okanye lufuna ukubekwa phambili kwakhona ukuze luphumeze okuphambili kuqala, uNongxowa weSizwe unako, ngesicelo segosa lothumelo, ukuqingqa loo nxalenye iphinde yabiwe, njengohlobo lolwabiwo ebekulilo ngaphambili, kwisebe lephondo lwelinye iphondo okanye komnye umasipala. 35

(b) Ngaphambili kokucela ulwabiwo kwakhona, igosa lothumelo kumele lwazise isebe lephondo elichaphazelekayo okanye umasipala ngolu lwabiwo lutsha luyilwayo lize linike isebe lephondo okanye umasipala iintsuku ezili-14 ukuba unike izimvo zawo ngolu tshintsho luyilwayo. 40

(c) Xa kusenziwa esi sicelo ngokwemimiselo yomhlathi (a), igosa lothumelo kumele linike uNongxowa weSizwe izimvo kwakunye notshintsho oluyilwayo lelo sebe lephondo elichaphazelekayo okanye umasipala ngokwemimiselo yomhlathi (b). 45

(d) Inxalenye yolwabiwo-mali oluphindiweyo kumele lusetyenziswe ngaphambili kokuphela konyaka-mali ka-2024/25.

(e) Inxalenye ephinde yabiwa ithathwa njengejikisiweyo yaba lulwabiwo-mali lesebe lephondo elichaphazelekayo okanye olukamasipala neliza kuqala ukusebenza ngomhla okwisaziso *kwiGazethi* ngokwemimiselo yesolotyana (4)(a). 50

(4)(a) UNongxowa weSizwe kumele—

(i) anike isaziso *kwiGazethi* ngolwabiwo kwakhona ngokwemimiselo yesolotyana (1), (2) okanye (3); kwaye

(ii) anike ikopi yesaziso kwigosa lothumelo kwakunye namagosa olwamkelo achaphazelekileyo. 55

(b) Inxalenye yolwabiwo-mali oluphinde lwabiwa olungasetyenziswanga ngaphambili kokuphela konyaka-mali ka-2024/25 lingandiselwa ixesha ngokwemimiselo yesolotyana 21(2).

(5)(a) Xa ungenelelo ngokwemimiselo yesolotyana 100 okanye 139 loMgaqo-siseko okanye isolotyana 137, 139 okanye 150 loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala 60

National Treasury may, despite subsection (1) and on such conditions as it may determine, authorise in relation to—

- (i) section 100 of the Constitution, the transferring officer to spend an allocation stopped in terms of section 18 of this Act on behalf of the relevant province;
- (ii) section 139 of the Constitution or section 137 or 139 of the Municipal Finance Management Act, the intervening province to spend an allocation stopped in terms of section 18 of this Act on behalf of the relevant municipality; or
- (iii) section 150 of the Municipal Finance Management Act, the relevant transferring officer to spend an allocation stopped in terms of section 18 of this Act on behalf of the relevant municipality.

(b) An allocation that is spent by the transferring officer or intervening province referred to in paragraph (a) must, for the purposes of this Act, be regarded as a Schedule 6 allocation from the date on which the authorisation is given.

(6)(a) On a joint request by the transferring officer and the National Disaster Management Centre, established by section 8 of the Disaster Management Act, 2002 (Act No. 57 of 2002), the National Treasury may approve that a conditional allocation in Schedule 4, 5 or 6, or a portion thereof, be reallocated to pay for the alleviation of the impact of a classified disaster or the reconstruction or rehabilitation of infrastructure damage caused by a classified disaster.

(b) Before the National Treasury approves a reallocation, the receiving officer of the conditional allocation in Schedule 4 or 5 or the transferring officer of a Schedule 6 allocation must confirm that the affected funds are not committed in terms of any statutory or contractual obligation.

(c) The reallocated funds must be used in the 2024/25 financial year in the same sphere that the allocation was originally made and for the same functional area that the original allocation relates to.

(d) The transferring officer must, after consultation with the National Disaster Management Centre and with the approval of the National Treasury, determine the conditions for spending the reallocated funds.

(e) Subsection (4) applies, with the necessary changes, to a reallocation in terms of this subsection to another province or municipality.

Conversion of allocations

20. (1) If satisfied that the relevant provincial department or municipality has demonstrated the capacity to implement projects, the National Treasury may, at the request of the transferring officer and after consultation with the receiving officer and provincial treasury, convert any portion of—

- (a) an allocation listed in Part B of Schedule 6 to one listed in Part B of Schedule 5;
- (b) the School Infrastructure Backlogs Grant to the Education Infrastructure Grant; or
- (c) the National Health Insurance Indirect Grant listed in Part A of Schedule 6 to the Health Facility Revitalisation Grant, District Health Programmes Grant, Human Resources and Training Grant or the National Health Insurance Grant listed in Part A of Schedule 5.

(2) The National Treasury may, after consultation with the relevant transferring officer, receiving officer and provincial treasury, convert any portion of an allocation listed in Part B of Schedule 5 to one listed in Part B of Schedule 6, if it is satisfied that—

- (a) the conversion shall prevent under-expenditure or improve the level of service delivery in respect of the allocation in question;
- (b) the affected national or provincial department has demonstrated the capacity to implement projects;

lithatha indawo, uNongxowa weSizwe unako, nangona likhona isolotyana (1) kwaye ngaphantsi kwemibandela ekwaqingqwe nguye, angagunyazisa ngokumayelana—

- (i) nesolotyana 100 loMgaqo-siseko, igosa lothumelo ukuba lilusebenzise ulwabiwo-mali olumisiweyo ngokwemimiselo yesolotyana 18 lalo Mthetho egameni lephondo; 5
- (ii) isolotyana 139 loMgaqo-siseko okanye isolotyana 137 okanye 139 loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, iphondo elingenelelayo eliza kusebenzisa ulwabiwo-mali olumisiweyo ngokwemimiselo yesolotyana 18 lalo Mthetho egameni lomasipala ochaphazelekayo; okanye
- (iii) isolotyana 150 loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, igosa lothumelo elichaphazelekayo lingasebenzisa olu lwabiwo-mali lumisiweyo ngokwemimiselo yesolotyana 18 lalo Mthetho egameni lomasipala ochaphazelekayo. 10
- (b) Ulwabiwo-mali olusetyenzisiweyo ligosa lothumelo okanye liphondo elingeneleleyo nekubhekiswa kulo kumhlathi (a) kumele, ngenxa yeenjongo zalo Mthetho, luthathwe njengolwabiwo-mali likaShedyuli 6 ukusukela ngomhla esinikwe ngayo isigunyaziso. 15
- (6)(a) Ngesicelo esidibeneyo segosa lothumelo kwakunye neBhunga eliLawula iiNtlekele zeSizwe, nelasekwa ngesolotyana 8 loMthetho wokuLawulwa kweeNtlekele, ka-2002 (uMthetho No. 57 ka-2002), uNongxowa weSizwe angagunyazisa ukuba ulwabiwo-mali lukaShedyuli 4, 5 okanye 6, okanye inxalenye yalo, iphinde yabiwe ukuze ihlawule ngelokuphungula ulwamvila lwegalelo laloo ntlekele ecacisiweyo okanye ulwakhiwo ngokutsha okanye ulungiso lwesakhiwo esonakaliswe yiloo ntlekele icacisiweyo. 20
- (b) Ngaphambili kokuba uNongxowa weSizwe agunyazise ulwabiwo-mali kwakhona, igosa lolwamkelo lolwabiwo-mali olunemibandela likaShedyuli 4 okanye 5 okanye igosa lothumelo likaShedyuli 6 wolwabiwo-mali kumele liqinisekise ukuba imali echaphazelekayo ayinawo omnye umgomo etyikityiweyo ngokusemthethweni ebiza kusetyenziselwa wona. 25
- (c) Ulwabiwo-mali ngokutsha kumele lusetyenziswe kunyaka-mali ka-2024/25 kwakwinkalo efanayo naleya ulwabiwo-mali lwalenzelwe yona kuqala kwaye lwenze imisebenzi efanayo noluya lwabiwo-mali lokuqala. 30
- (d) Igosa lothumelo kumele, emva kokuthethana neBhunga eliLawula iiNtlekele zeSizwe kwaye ngemvume kaNongxowa weSizwe, liqingqe imibandela yokusebenzisa imali eyabiweyo kwakhona.
- (e) Isolotyana (4) lilo elisebenzayo, ngotshintsho oluyimfuneko, kulwabiwo-mali oluphindwayo ngokwemimiselo yeli solotyana kwelinye iphondo okanye umasipala. 35

Ukutshintshwa kolwabiwo-mali

20.(1) Ukuba uyaneliseka yinto yokuba isebe lephondo okanye umasipala ochaphazelekayo uyabubonakalisa ubunako bokwenza ezi projekthi, uNongxowa weSizwe, ngesicelo segosa lothumelo kwaye libe lithethene negosa lolwamkelo kwakunye nonongxowa wephondo, unako ukutshintsha inxalenye— 40

- (a) yolwabiwo-mali oludweliswe kwiSigaba B sikaShedyuli 6 liye kudweliswa kwiSigaba B sikaShedyuli 5;
- (b) iSibonelelo soMthwalo woLwakhiwo lweZikolo kwiSibonelelo soLwakhiwo lweZikolo; okanye 45
- (c) iSibonelelo se-Inshorensi yeMpilo yeSizwe idweliswe kwiSigaba A sikaShedyuli 6 lweSibonelelo soHlaziyo lweZiseko zeMpilo, iSibonelelo seeNkqubo zeMpilo zeSithili, iSibonelelo soQeqesho kunye neHuman Resources okanye iSibonelelo se-Inshorensi yeMpilo yeSizwe esidweliswe kwiSigaba A sikaShedyuli 5. 50
- (2) UNongxowa weSizwe, emva kokuba ethethene negosa lothumelo, negosa lolwamkelo kwakunye nonongxowa wephondo, unako ukutshintsha nayiphi na inxalenye yolwabiwo-mali edweliswe kwiSigaba B sikaShedyuli 6, ukuba uyaneliseka kukuba—
- (a) utshintsho olu luza kuphepha inkcitho engaphantsi okanye kuphakamise ibakala loziso lweenkonzo ngokumayelana nolwabiwo-mali ekuthethwa ngalo; 55
- (b) isebe lesizwe okanye elephondo elichaphazelekayo libonakalise ubunako bokukwazi ukwenza iiprojekthi;

- (c) the transferring officer has made a demonstrable effort to strengthen the capacity of the receiving officer to implement the allocation, but the receiving officer is still not capable of meeting all the requirements of the allocation; and
- (d) there is a history of poor performance in the previous two financial years for the relevant allocation to the receiving officer, including withholding and stopping of allocations. 5
- (3) If satisfied that a municipality has failed to follow the applicable procurement prescriptions prescribed in terms of the Municipal Finance Management Act, the National Treasury may, at the request of the transferring officer or in its discretion, after consultation with the relevant transferring officer and receiving officer, convert any portion of an allocation listed in Part B of Schedule 5 to one listed in Part B of Schedule 6. 10
- (4)(a) Any portion of an allocation, except the School Infrastructure Backlogs Grant, converted in terms of subsection (1), (2) or (3) must—
- (i) be used for the same province or municipality to which the allocation was originally made; and 15
- (ii) if—
- (aa) possible, be used to implement the same project or projects that were planned if the allocation had not been converted; or
- (bb) not possible, the receiving officer must sign an agreement that defines any new project to be funded, before it is implemented. 20
- (b) The School Infrastructure Backlogs Grant must be used—
- (i) for the same province to which the allocation was originally made; and
- (ii) to implement the same project or projects that were planned if the allocation had not been converted. 25
- (5) The National Treasury must—
- (a) give notice in the *Gazette* of a conversion in terms of subsection (1), (2) or (3); and
- (b) provide a copy of the notice to the transferring officer and each affected receiving officer. 30
- (6) A conversion in terms of subsection (1), (2) or (3) takes effect on the date of publication of the notice in terms of subsection (5)(a).
- (7) If an allocation listed in Schedule 7 is insufficient for a classified disaster referred to in section 25(3)(a), the National Treasury may, after consultation with, or on the request of, the relevant transferring officer, convert any portion of— 35
- (a) the Provincial Disaster Response Grant listed in Part A of Schedule 7 to the Municipal Disaster Response Grant listed in Part B of Schedule 7; or
- (b) the Municipal Disaster Response Grant listed in Part B of Schedule 7 to the Provincial Disaster Response Grant listed in Part A of Schedule 7.
- (8) The National Treasury must— 40
- (a) in the notice published in terms of section 25(3)(c), include notification of the conversion in terms of subsection (7) and the effective date referred to in subsection (9); and
- (b) provide a copy of the notice to the transferring officer.
- (9) A conversion in terms of subsection (7) takes effect on the date that the National Treasury approves it. 45

Unspent conditional allocations

- 21.** (1) Despite a provision to the contrary in the Public Finance Management Act or the Municipal Finance Management Act, any conditional allocation, or a portion thereof, that is not spent at the end of the 2024/25 financial year reverts to the National Revenue Fund, unless the roll-over of the allocation is approved in terms of subsection (2). 50

- (c) igosa lothumelo libonakalise igalelo lalo lokomeleza ubunako begosa lolwamkelo ukuze likwazi ukusebenzisa ulwabiwo-mali, kodwa igosa lolwamkelo alikabinabo ubunako bokumelana neemfuno zolwabiwo-mali; kwaye
- (d) kukhona imbali yokungaqhubi kakuhle koonyaka-mali bade babe babini abadlulileyo ngolu lwabiwo-mali lunye kwigosa lolwamkelo, oko kuquka nokubanjwa kunye nokumiswa kolwabiwo-mali. 5
- (3) Ukuba uyoneliseka ukuba ngenene umasipala usilele ukulandela imigqaliselo yokusebenza ebekiweyo ngokwemimiselo yoMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, uNongxowa weSizwe, ngesicelo segosa lothumelo okanye ngokwembono yakhe, emva kokuthethana negosa lothumelo kwakunye negosa lolwamkelo elichaphazelekayo, unako ukutshintsha nayiphi na inxalenye yolwabiwo-mali edweliswe kwiSigaba B sikaShedyuli 5 ukuba lube kuluhlu olunye kwiSigaba B sikaShedyuli 6. 10
- (4)(a) Nayiphi na inxalenye yolwabiwo-mali, ngaphandle kweSibonelelo soMthwalo woLwakhiwo lweZikolo, etshintshiweyo ngokwemimiselo yesolotyana (1), (2) okanye (3) kumele— 15
- (i) isetyenziswe kwakwelo phondo okanye kwakuloo masipala ibiyabelwe wona ekuqaleni; kwaye
- (ii) ukuba— 20
- (aa) kuyenzeka, isetyenziselwe ukwenza kwalaa projekthi inye okanye eziya projekthi ezazicwangciselwe ukuzenza ukuba ulwabiwo-mali lwalungatshintshwanga; okanye
- (bb) ukuba akwenzeki, igosa lolwamkelo kumele lityikitye isivumelwano esicacisa nayiphi na iprojekthi entsha ekumele ixhaswe ngemali, ngaphambili kokuba yenziwe. 25
- (b) ISibonelelo soMthwalo woLwakhiwo lweZikolo kumele sisetyenziswe—
- (i) kweliya phondo ulwabiwo-mali belubhekiswa khona ekuqaleni; kwaye
- (ii) lwenze laa projekthi inye eyayicwangciselwe ukwenziwa ukuba ulwabiwo-mali lwalungatshintshwanga. 30
- (5) UNongxowa weSizwe kumele—
- (a) azizise utshintsho kwiGazethi ngokwemimiselo yesolotyana (1), (2) okanye (3); aze
- (b) anike ikopi yesaziso kwigosa lothumelo kwakunye namagosa olwamkelo achaphazelekileyo. 35
- (6) Utshintsho ngokwemimiselo yesolotyana (1), (2) okanye (3) luqalisa ngomhla wopapasho lwesaziso ngokwemimiselo yesolotyana (5)(a).
- (7) Ukuba ulwabiwo-mali oludweliswe kuShedyuli 7 alwanelanga ukwenza umsebenzi wentlekele ekubhekiswa kuyo kwisolotyana 25(3)(a), uNongxowa weSizwe, emva kokuthethana, okanye emva kwesicelo segosa lothumelo, unako ukujika nayiphi na inxalenye— 40
- (a) yeSibonelelo sokuXhasa iNtlekele ePhondweni edweliswe kwiSigaba A sikaShedyuli 7 iye kwiSibonelelo sokuXhasa iNtlekele ePhondweni edweliswe kwiSigaba B sikaShedyuli 7; okanye
- (b) iSibonelelo sokuXhasa iNtlekele ePhondweni edweliswe kwiSigaba B sikaShedyuli 7 iye kwiSibonelelo sokuXhasa iNtlekele ePhondweni edweliswe kwiSigaba A sikaShedyuli 7. 45
- (8) UNongxowa weSizwe kumele—
- (a) kwisaziso esipapashwe ngokwemimiselo yesolotyana 25(3)(c), aqube isaziso sotshintsho ngokwemimiselo yesolotyana (7) kwakunye nomhla wokuqaliswa kwalo okubhekiswe kulo kwisolotyana (9); kwaye 50
- (b) anike ikopi yesaziso kwigosa lothumelo.
- (9) Utshintsho ngokwemimiselo yesolotyana (7) luqalisa ukusebenza ngomhla uNongxowa weSizwe alugunyazisa ngalo. 55

Imali enemibandela engasetyenziswanga

55

21. (1) Ngaphandle kokuphikisana noMthetho wokuPhathwa kweeMali zeSizwe okanye uMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, naluphi na ulwabiwo-mali olunemibandela, okanye inxalenye yalo, engasetyenziswanga ekupheleni konyaka-mali ka-2024/25 lubuyela kwiNongxowa yeNgeniso yeSizwe, ngaphandle kokuba ulwandiso lwexesha lolwabiwo-mali luye lwagunyaziswa ngokwemimiselo yesolotyana (2). 60

- (2) The National Treasury may, at the request of a transferring officer, receiving officer or provincial treasury, approve a roll-over of a conditional allocation to the 2025/26 financial year if the unspent funds are committed to identifiable projects.
- (3)(a) The receiving officer must ensure that any funds that must revert to the National Revenue Fund in terms of subsection (1), are paid into that Fund by the date determined by the National Treasury. 5
- (b) The receiving officer must—
- (i) in the case of a provincial department, request the roll-over of unspent funds through its provincial treasury; and
 - (ii) inform the transferring officer of all processes regarding the request. 10
- (4)(a) The National Treasury may, subject to paragraphs (b) and (c), offset any funds that must revert to the National Revenue Fund in terms of subsection (1), but not paid into that Fund by the date determined in terms of subsection (3)(a)—
- (i) in respect of a province, against future transfers of conditional allocations to that province; or 15
 - (ii) in respect of a municipality, against future transfers of the equitable share or conditional allocations to that municipality.
- (b) Before any funds are offset in terms of paragraph (a), the National Treasury must give the relevant transferring officer, province or municipality—
- (i) notice of the intention to offset amounts against future allocations, the intended amount to be offset against allocations, the intended date for the offsetting and the reasons for the offsetting; and 20
 - (ii) an opportunity, within 14 days of receipt of the notice, to—
 - (aa) propose an alternative date for offsetting;
 - (bb) make written submissions why the full or a part of the amount should not be offset; or 25
 - (cc) propose an alternative date or dates by which the amount, or portions thereof, must be paid into the National Revenue Fund.
- (c) The National Treasury must—
- (i) accept the date or dates proposed in terms of paragraph (b)(ii)(aa) or (cc) or determine a different date or dates; or 30
 - (ii) accept or reject the submissions made in terms of paragraph (b)(ii)(bb).
- (5)(a) The National Treasury may amend the amount of the equitable share or a conditional allocation offset in terms of subsection (4).
- (b) If the amendment envisaged in paragraph (a) results in an underpayment to a municipality— 35
- (i) in respect of the equitable share of the municipality, the department responsible for local government must, despite section 5(3), transfer the difference to the municipality within 10 days; or
 - (ii) in respect of a conditional allocation of the municipality, the transferring officer must, despite the payment schedule envisaged in section 22(3), transfer the difference to the municipality within 10 days. 40
- (c) If the amendment in terms of paragraph (a) results in an overpayment to a municipality, section 24 applies. 45

CHAPTER 4

45

MATTERS RELATING TO ALL ALLOCATIONS

Payment requirements

- 22.** (1)(a) The National Treasury must, after consultation with the provincial treasury, determine the payment schedule for the transfer of a province's equitable share allocation. 50
- (b) In determining the payment schedule, the National Treasury must take into account the monthly expenditure commitments of provinces and seek to minimise risk and debt servicing costs for national and provincial government.

- (2) UNongxowa weSizwe, ngesicelo segosa lothumelo, esegosa lolwamkelo okanye esikanongxowa wephondo, unako ukugunyazisa ulwandiso lwexesha lolwabiwo-mali olunemibandela luye kunyaka-mali ka-2025/26 ukuba le mali ingasetyenziswanga inomsebenzi ocacileyo weprojekthi.
- (3)(a) Igosa lolwamkelo kumele liqinisekise ukuba nayiphi imali ekumele ibuyiselwe kwiNngxowa yeNgeniso yeSizwe ngokwemimiselo yesolotyana (1), iyabuyiselwa ngomhla oqingqwe nguNongxowa weSizwe. 5
- (b) Igosa lolwamkelo kumele—
- (i) kwimeko yesebe lephondo, apho licele ukwandiselwa ixesha ngemali elingayisebenzisanga ngonongxowa walo wephondo; kwaye 10
- (ii) lazise igosa lothumelo ngazo zonke iinkqubo eziphathelelene nesi sicelo.
- (4)(a) UNongxowa weSizwe, ngokuxhomekeke kwimihlathi (b) kunye (c), unako ukuguqula naziphi na iimali ekumele zibuyele kwiNngxowa yeNgeniso yeSizwe ngokwemimiselo yesolotyana (1), kodwa ezingahlawulwanga kwiNngxowa ngomhla oqingqiweyo ngokwemimiselo yesolotyana (3)(a)— 15
- (i) ngokumayelana nephondo, ngokuchasene neentlawulo ezizayo zolwabiwo-mali olunemibandela kweliya phondo; okanye
- (ii) ngokumayelana noomasipala, ngokuchasene neentlawulo ezizayo zolwabiwo olufanelekileyo okanye ulwabiwo-mali olunemibandela lwaloo masipala.
- (b) Ngaphambili kokuba iimali ziguqulwe ngokwemimiselo yomhlathi (a), uNongxowa weSizwe kumele anike igosa lothumelo elichaphazelekayo, iphondo okanye umasipala— 20
- (i) isaziso senjongo yokuguqulwa komyinge kulwabiwo-mali oluzayo, umyinge ofunwayo okuze uguqulwe kulwabiwo-mali, umhla ojongiweyo wokuguqulwa kwakunye nezizathu zokuguqulwa; kwaye 25
- (ii) ithuba, zingaphelanga iintsuku ezili-14 sifunyenwe isaziso,—
- (aa) sokucela omnye umhla woguqulo;
- (bb) kwenziwe izicelo ezibhalwe phantsi ukuba kutheni inxalenye okanye wonke lo myinge ungenakuguqulwa; okanye
- (cc) kucelwe omnye umhla okanye imihla apho umyinge, okanye inxalenye yawo, iza kuhlawulwa ngawo kwiNngxowa yeNgeniso yeSizwe. 30
- (c) UNongxowa weSizwe kumele—
- (i) amkele loo mhla okanye loo mihla iceliweyo ngokwemimiselo yomhlathi (b)(ii)(aa) okanye (cc) okanye aqingqe umhla okanye imihla; okanye
- (ii) amkele okanye achithe eso sicelo senziweyo ngokwemimiselo yomhlathi (b)(ii)(bb). 35
- (5)(a) UNongxowa weSizwe unako ukwenza isihlomelo ngoguqulo lomyinge wolwabiwo olufanelekileyo okanye ngolwabiwo-mali olunemibandela ngokwemimiselo yesolotyana (4).
- (b) Ukuba isihlomelo esidakacwe kumhlathi (a) sibangela angahlawulwa ngokupheleleyo umasipala— 40
- (i) ngokumayela nolwabiwo olufanelekileyo lomasipala, isebe elijongene noorhulumente basemakhaya kumele, ngaphandle kwesolotyana 5(3), lithumele leyo ishotayo kumasipala zingaphelanga iintsuku ezili-10; okanye
- (ii) ngokumayelana nolwabiwo-mali olunemibandela likamasipala, igosa lothumelo kumele, nangona nje idakaciwe nje ishedyuli yentlawulo kwisolotyana 22(3), lithumele le ishotayo kumasipala zingaphelanga iintsuku ezili-10. 45
- (c) Ukuba isihlomelo ngokwemimiselo kumhlathi (a) sibangela ahlawulwe imali egqithisileyo umasipala, kuzosebenza isolotyana 24.

ISAHLUKO 4

50

IMIBA EMAYELANA NALO LONKE ULWABIWO-MALI

Izinto ezifunekayo ukuze kuphume intlawulo

22. (1)(a) UNongxowa weSizwe, emva kokuthethana nonongxowa wephondo, kumele aqingqe ishedyuli yentlawulo yolwabiwo-mali olufanelekileyo lwephondo.

(b) Ekuqingqeni ishedyuli yentlawulo, uNongxowa weSizwe kumele acinge ngenkcitho yanyanga zonke yamaphondo aze azamele ukwehlisa umngcipheko kwakunye neendleko zokuhlawula ityala likarhulumente wephondo nowesizwe. 55

- (c) Despite paragraph (a), the National Treasury may advance funds to a province in respect of its equitable share, or a portion thereof, which has not yet fallen due for transfer in terms of the payment schedule—
- (i) for cash management purposes relating to the corporation for public deposits account or when an intervention in terms of section 100 of the Constitution takes place; and 5
 - (ii) on such conditions as it may determine.
- (d) Any advance in terms of paragraph (c) must be offset against future transfers to the province, which would otherwise become due in terms of the payment schedule.
- (2)(a) The National Treasury must, after consultation with the national department responsible for local government, determine the amount of a municipality's equitable share allocation to be transferred on each date referred to in section 5(3). 10
- (b) If an amount less than the amount approved in terms of paragraph (a) is paid to a municipality, the difference must, despite section 5(3), be paid within 10 days after it comes to the attention of the national department responsible for local government, unless it is amended in terms of paragraph (e). 15
- (c) Despite paragraph (a), the National Treasury may approve a request or direct that the equitable share, or a portion thereof, which has not yet fallen due for transfer in terms of section 5(3), be advanced to a municipality—
- (i) after consultation with the national department responsible for local government; 20
 - (ii) for purposes of cash management in the municipality or an intervention in terms of section 139 of the Constitution or section 137, 139 or 150 of the Municipal Finance Management Act; and
 - (iii) on such conditions as the National Treasury may determine. 25
- (d) Any advance in terms of paragraph (c) must be offset against future transfers to the municipality, which would otherwise become due in terms of section 5(3).
- (e) The equitable share amount envisaged in paragraph (a) may be amended if the transfer of funds is stopped in terms of section 216(2) of the Constitution, read with sections 38 and 39 of the Municipal Finance Management Act, or offset in terms of section 21(4)(a)(ii) of this Act. 30
- (3)(a) Subject to section 27(1), the National Treasury must, within 14 days after this Act takes effect, approve the payment schedule for the transfer of an allocation listed in Schedule 4 or 5 to a province or municipality.
- (b) The transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must submit a payment schedule to the National Treasury for approval before the first transfer is made. 35
- (c) Before the submission of a payment schedule in terms of paragraph (b), the transferring officer must, in relation to a Schedule 4 or 5 allocation, consult the relevant receiving officer.
- (4) The transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must provide the receiving officer and the relevant provincial treasury with a copy of the approved payment schedule before making the first transfer in terms thereof. 40
- (5) The transfer of a Schedule 4 or 5 allocation to a municipality must accord with the financial year of the municipality.
- (6) Each transfer of an equitable share or a conditional allocation to a municipality in terms of this Act must be made through a payment system provided by the National Treasury. 45

Amendment of payment schedule

- 23.** (1)(a) Subject to subsection (2), a transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must, within seven days of the withholding or stopping of an allocation in terms of section 17 or 18, submit an amended payment schedule to the National Treasury for approval. 50
- (b) No transfers may be made until the National Treasury has approved the amended payment schedule.

- (c) Nangona kudakaciwe kumhlathi (a), uNongxowa weSizwe unako ukuyikhupha kwangoko imali eya kwiphondo ngokumayelana nesabelo sayo esifanelekileyo, okanye inxalenye yaso, ebelingekafiki ixesha layo lokuhlululwa ngokwemimiselo yeshedyuli yentlawulo—
- (i) ngenxa yezizathu zokuphathwa kwemali okumayelana nentsebenziswayo ne-akhawunti yentlawulo yoluntu okanye ungenelelo ngokwemimiselo yesolotyana 100 loMgaqo-siseko lithatha indawo; kwaye 5
- (ii) kwimibandela enjalo nanjengoko kuqingqiwe.
- (d) Nayiphi na imali eza ngaphambili kwexesha ngokwemimiselo yomhlathi (c) kumele iguqulwe ukuphepha iintlawulo ezizayo zephondo, neziza kufikelwa lixesha lazo ngokwemimiselo yeshedyuli yentlawulo. 10
- (2)(a) UNongxowa weSizwe, emva kokuthethana nesebe lesizwe elijongene noorhulumente basemakhaya, kumele aqingqe umyinge wolwabiwo-mali olufanelekileyo loomasipala usuku ngalunye ekubhekiswa kulo kwisolotyana 5(3).
- (b) Ukuba umyinge ongaphantsi kunalowo uphunyeziweyo ngokwemimiselo yomhlathi (a) ithe yahlawulwa kumasipala, le ishotayo, nangona nje kudakaciwe kwisolotyana 5(3), kumele ihlawulwe zingaphelanga iintsuku ezili-10 emva kokuba ifikile ezindlebeni zesebe lesizwe elijongene noorhulumente basemakhaya, ngaphandle kokuba iye yahlonyelwa ngokwemimiselo yomhlathi (e). 15
- (c) Nangona nje kudakaciwe kumhlathi (a), uNongxowa weSizwe unako ukuphumeza isicelo okanye ayalele olo lwabiwo olufanelekileyo, okanye inxalenye yalo, nebelingekafiki ixesha layo lentlawulo ngokwemimiselo yesolotyana 5(3), inikwe umasipala ngaphambili kwexesha— 20
- (i) emva kokuthethana nesebe lesizwe elijongene noorhulumente basemakhaya;
- (ii) ngezizathu zokuphathwa kwemali koomasipala okanye ungenelelo ngokwemimiselo yesolotyana 139 loMgaqo-siseko okanye isolotyana 137, 139 okanye 150 loMthetho wokuPhathwa kweMali zikaMasipala; kwaye 25
- (iii) ngokwemibandela eya kubonwa nguNongxowa weSizwe.
- (d) Nayiphi na imali eza ngaphambili kwexesha ngokwemimiselo yomhlathi (c) kumele iguqulwe ukuphepha iintlawulo ezizayo zikamasipala, nekuza kufika ixesha lazo ngokwemimiselo yesolotyana 5(3). 30
- (e) Ulwabiwo olufanelekileyo oludakacwe kumhlathi (a) lungahlonyelwa ukuba intlawulo yemali imisiwe ngokwemimiselo yesolotyana 216(2) loMgaqo-siseko, funda amasolotyana 38 kunye 39 oMthetho wokuPhathwa kweMali zikaMasipala, okanye ukuguqulwa ngokwemimiselo yesolotyana 21(4)(a)(ii) lalo Mthetho. 35
- (3)(a) Ngokuxhomekeke kwisolotyana 27(1), uNongxowa weSizwe kumele, zingaphelanga iintsuku ezili-14 emva kokuba lo Mthetho uqalisile ukusebenza, agunyazise ishedyuli yentlawulo yokuthunyelwa kolwabiwo-mali oludweliswe kuShedyuli 4 okanye 5 wephondo okanye kumasipala.
- (b) Igosa lothumelo likaShedyuli 4 okanye 5 lolwabiwo-mali kumele linike ishedyuli yentlawulo kuNongxowa weSizwe ukuze ayigunyazise ngaphambili kokuba kwenziwe intlawulo yokuqala. 40
- (c) Ngaphambili kokugqithiswa kweshedyuli yentlawulo ngokwemimiselo yomhlathi (b), igosa lothumelo kumele, ngokumayelana nolwabiwo-mali lukaShedyuli 4 okanye 5, lithethane negosa lolwamkelo elichaphazelekayo. 45
- (4) Igosa lothumelo lolwabiwo-mali likaShedyuli 4 okanye 5 kumele linike igosa lolwamkelo kwakunye nonongxowa wephondo ochaphazelekayo ikopi yesigunyaziso seshedyuli yentlawulo ngaphambili kokwenza intlawulo yokuqala ngokwemimiselo yoko.
- (5) Intlawulo yolwabiwo-mali lukaShedyuli 4 okanye 5 eliya kumasipala kumele luhambelane nonyaka-mali womasipala. 50
- (6) Intlawulo nganye yolwabiwo olufanelekileyo okanye ulwabiwo-mali olunemibandela oluya kumasipala ngokwemimiselo yalo Mthetho kumele yenziwe ngenkqubo yentlawulo eyalelwe nguNongxowa weSizwe.

Uhlonyelo lweshedyuli yentlawulo

55

23. (1)(a) Ngokuxhomekeke kwisolotyana (2), igosa lothumelo likaShedyuli 4 okanye 5 wolwabiwo-mali kumele, zingaphelanga iintsuku ezisixhenxe zokubanjwa okanye zokumiswa kolabiwo-mali ngokwemimiselo yesolotyana 17 okanye 18, linike ishedyuli yentlawulo ehlonyelweyo kuNongxowa weSizwe ukuze igunyaziswe.

(b) Akukho ntlawulo emayenziwe ade uNongxowa weSizwe agunyazise ishedyuli yentlawulo ehlonyelweyo. 60

- (2) For purposes of—
- (a) better management of debt and cash-flow; or
 - (b) addressing financial mismanagement, financial misconduct or slow or accelerated expenditure, the National Treasury may amend any payment schedule for an allocation listed in Schedule 2, 4 or 5, after notifying, in the case of—
 - (i) an allocation to a province, its provincial treasury;
 - (ii) an allocation to a municipality, the national department responsible for local government; and
 - (iii) a Schedule 4 or 5 allocation, the relevant transferring officer.
- (3) The amendment of a payment schedule in terms of subsection (1) or (2) must take into account—
- (a) the monthly expenditure commitments of provinces or municipalities;
 - (b) the revenue at the disposal of provinces or municipalities; and
 - (c) the minimisation of risk and debt servicing costs for all three spheres of government.
- (4) The transferring officer must immediately inform the receiving officer of any amendment to a payment schedule in terms of subsection (1) or (2).

Transfers made in error or fraudulently

24. (1) Despite any other legislation to the contrary, the transfer of an allocation that is an overpayment to a province, municipality or public entity, made in error or fraudulently, is regarded as not legally due to that province, municipality or public entity, as the case may be.
- (2) The responsible transferring officer must, without delay, recover an overpayment referred to in subsection (1), unless an instruction has been issued in terms of subsection (3).
- (3) The National Treasury may instruct that the recovery referred to in subsection (2) be set off against future transfers to the affected province, municipality or public entity in terms of a payment schedule.

New allocations during financial year and Schedule 7 allocations

25. (1) If further allocations are made to provinces or municipalities, as envisaged in section 6(3), the National Treasury must, before the transfer of any funds to a province or municipality, by notice in the *Gazette* and as applicable—
- (a) amend any allocation or framework published in terms of section 15;
 - (b) publish the allocation per municipality for any new Part B of Schedule 5 allocation or the indicative allocation per municipality for any new Part B of Schedule 6 allocation; or
 - (c) publish a framework for any new Schedule 4, 5, 6 or 7 allocation.
- (2) Section 15(2) to (5) applies, with the necessary changes, to allocations and frameworks published in terms of subsection (1).
- (3)(a) The transferring officer may, with the approval of the National Treasury, make one or more transfers of a Schedule 7 allocation to a province or municipality for a classified disaster, within 100 days after the date of the classification of the disaster.
- (b) The transferring officer must notify, in writing, the relevant provincial treasury and the National Treasury within five days of a transfer of a Schedule 7 allocation to a province or municipality.
- (c) The National Treasury must, within 21 days after the end of the 100-day period envisaged in paragraph (a), by notice in the *Gazette*, publish all transfers of a Schedule 7 allocation made for a classified disaster.

- (2) Ngezizathu—
- (a) zokuphathwa ngcono kwetyala kwakunye nokuhanjiswa kwemali; okanye
 - (b) zokuqubisana nokungaphathwa kakuhle kwemali, ukungaqhutywa kakuhle kwemali okanye ukucothiswa okanye ukudiyarhwa kwenkcitho, uNongxowa weSizwe unako ukuhlomela nayiphi na ishedyuli yentlawulo yolwabiwo-mali oludweliswe kuShedyuli 2, 4 okanye 5, emva kokwazisa, kwimeko apho—
 - (i) ulwabiwo-mali lephondo, unongxowa walo;
 - (ii) ulwabiwo-mali lukamasipala, isebe lesizwe elijongene noorhulumente basemakhaya; kwaye
 - (iii) ulwabiwo-mali lukaShedyuli 4 okanye 5, igosa lothumelo elichaphazelekayo. 10
- (3) Uhlonyelo lweshedyuli yentlawulo ngokwemimiselo yesolotyana (1) okanye (2) kumele liggale—
- (a) inkcitho yanyanga zonke yezinto iphondo okanye umasipala azibophelele kuzo; 15
 - (b) ingeniso ekhoyo emaphondweni okanye koomasipala; kwaye
 - (c) ukwehliswa komngcipheko kwakunye neendleko zokuhlawula ityala kuzo zozithathu izigaba zikarhulumente.
- (4) Igosa lothumelo kumele ngokukhawuleza lazise igosa lolwamkelo ngalo naluphi na uhlonnyelo lweshedyuli yentlawulo ngokwemimiselo yesolotyana (1) okanye (2). 20

Iintlawulo ezenziwe ngempazamo okanye ngobuqhophololo

24. (1) Ngaphandle kwayo nayiphi na imithetho echasayo, intlawulo yolwabiwo-mali ehlawulwe yangaphezulu kunaleyo ilindelekileyo kwiphondo, kumasipala okanye kwiqumrhu likarhulumente, eyenziwe ngempazamo okanye ngobuqhophololo, ngokomthetho ayoyelo phondo, loo masipala okanye eloo qumrhu likarhulumente, nanjengoko ingabe isitsho imeko. 25
- (2) Igosa lothumelo elinoxanduva lokuthumela kumele, ngokukhawuleza, libuyisele eso sixa-mali singaphezulu ekubhekiswa kuso kwisolotyana (1), ngaphandle kokuba kukhona omnye umyalelo onikiweyo ngokwemimiselo yesolotyana (3).
- (3) UNongxowa weSizwe unako ukuyalela ukubuyiselwa kwesi sixa-mali kubhekiswa kuso kwisolotyana (2) ukuba sithathwe kwintlawulo elandelayo yelo phondo, yaloo masipala okanye yelo qumrhu likarhulumente ngokwemimiselo yeshedyuli yentlawulo. 30

Ulwabiwo-mali olutsha phakathi konyaka-mali kunye noShedyuli 7 wolwabiwo-mali

25. (1) Ukuba kukhona olunye ulwabiwo-mali oluza kwabelwa amaphondo okanye oomasipala, nanjengoko kudakaciwe kwisolotyana 6(3), uNongxowa weSizwe kumele, ngaphambili kokuba kuthunyelwe nayiphi na imali ephondweni okanye kumasipala, ngesaziso *kwiGazethi* nanjengoko kulindelekile—
- (a) ahlomele naluphi na ulwabiwo-mali okanye isiseko somsebenzi esipapashwe ngokwemimiselo yesolotyana 15; 40
 - (b) apapashe ulwabiwo-mali lomasipala ngamnye ngalo naluphi na ulwabiwo-mali olutsha lweSigaba B sikaShedyuli 5; okanye
 - (c) apapashe isiseko somsebenzi salo naluphi na ulwabiwo-mali lukaShedyuli 4, 5, 6 okanye 7. 45
- (2) Isolotyana 15(2) ukuya (5) ngawo asebenzayo, ngotshintsho oluyimfuneko, kulwabiwo-mali nakwisiseko somsebenzi esipapashwe ngemimiselo yesolotyana (1).
- (3)(a) Igosa lothumelo linako, ngesigunyaziso sikaNongxowa weSizwe, ukwenza intlawulo enye okanye engaphezulu kulwabiwo-mali lukaShedyuli 7 oluya ephondweni okanye kumasipala ngenxa yentlekele ecacisiweyo, zingaphelanga iintsuku ezili-100 emva kosuku lokucaciswa kwentlekele. 50
- (b) Igosa lothumelo kumele lazise, ngokubhala phantsi, unongxowa wephondo elichaphazelekayo kunye noNongxowa weSizwe zingaphelanga iintsuku ezintlanu ngentlawulo yolwabiwo-mali kaShedyuli 7 eya kwiphondo okanye kumasipala.
- (c) UNongxowa weSizwe kumele, zingaphelanga iintsuku ezingama-21 emva kokuphela kwexesha leentsuku ezili-100 ezidakacwe kumhlathi (a), ngesaziso *kwiGazethi*, apapashe zonke iintlawulo zolwabiwo-mali lukaShedyuli 6 eyenzwe intlekele ecacisiweyo. 55

(d) The transferring officer, after consultation with the National Treasury, must determine the period in the financial year within which funds transferred in terms of paragraph (a) must be spent.

(e) The transferring officer may, after consultation with the National Treasury, amend the period referred to in paragraph (d), provided that it ends in the financial year. 5

(f) The funds approved in terms of paragraph (a) must be included either in the provincial adjustments appropriation legislation, municipal adjustments budgets or other appropriation legislation.

Preparations for 2025/26 financial year and 2026/27 financial year

26. (1)(a) A category C municipality that receives a conditional allocation in terms of this Act must, using the indicative conditional allocations to that municipality for the 2025/26 financial year and the 2026/27 financial year as set out in Column B of the Schedules to this Act, by 13 September 2024— 10

(i) agree with each category B municipality within the category C municipality's area of jurisdiction on the provisional allocations and the projects to be funded from those allocations in the 2025/26 financial year and the 2026/27 financial year; and 15

(ii) submit to the transferring officer—

(aa) the provisional allocations referred to in subparagraph (i); and

(bb) the projects referred to in subparagraph (i), listed per municipality. 20

(b) If a category C municipality and a category B municipality cannot agree on the allocations and projects referred to in paragraph (a), the category C municipality must request the relevant transferring officer to facilitate agreement.

(c) The transferring officer must take all necessary steps to facilitate agreement as soon as possible, but no later than 60 days after receiving a request referred to in paragraph (b). 25

(d) Any proposed amendment or adjustment of the allocations that is intended to be published in terms of section 29(3)(b) must be agreed with the relevant category B municipality, the transferring officer and the National Treasury, before publication and the submission of the allocations referred to in paragraph (a)(ii). 30

(e) If agreement is not reached between the category C municipality and the category B municipality on the provisional allocations and projects referred to in paragraph (a) before 1 October 2024, the National Treasury, after consultation with the relevant provincial treasury, must determine the provisional allocations and provide those provisional allocations to the affected municipalities and the transferring officer. 35

(f)(i) The transferring officer must submit the final allocations, based on the provisional allocations referred to in paragraphs (a)(i) and (ii) and (e), to the National Treasury by 2 December 2024.

(ii) If the transferring officer fails to submit the allocations referred to in subparagraph (i) by 2 December 2024, the National Treasury may determine the appropriate allocations, taking into consideration the indicative allocations for the 2025/26 financial year. 40

(2)(a) The transferring officer of a conditional allocation, using the indicative conditional allocations for the 2025/26 financial year and the 2026/27 financial year, as set out in Column B of the affected Schedules to this Act, must, by 1 October 2024, submit to the National Treasury— 45

(i) the provisional allocations to each province or municipality in respect of new conditional allocations to be made in the 2025/26 financial year;

(ii) any amendments to the indicative allocations for each province or municipality set out in Column B of the affected Schedules in respect of existing conditional allocations; 50

(d) Igosa lothumelo, emva kokuthethana noNongxowa weSizwe, kumele liqingqe ixesha kunyaka-mali nalapho imali eza kuthunyelwa ngalo ngokwemimiselo yomhlathi (a) ekumele ibe isetyenzisiwe ngalo.

(e) Igosa lothumelo linako, emva kokuthethana noNongxowa weSizwe, ukuhlomela ixesha ekubhekiswa kulo kumhlathi (d), kodwa liqinisekise ukuba liphela kwakunyaka-mali. 5

(f) Imali egunyazisiweyo ngokwemimiselo yomhlathi (a) kumele iquke umthetho wezilungiso zolwabiwo zephondo, ulungiso lohlahlolwabiwo-mali likamasipala okanye eminye imithetho yolwabiwo.

Amalungiselelo wonyaka-mali ka-2025/26 kunye nonyaka-mali ka-2026/27 10

26. (1)(a) Umasipala okwicandelo C nofumana ulwabiwo-mali olunemibandela ngokwemimiselo yalo Mthetho kumele, ube usebenzisa isiboniso solwabiwo-mali olunemibandela saloo masipala sonyaka-mali ka-2025/26 kunye nonyaka-mali ka-2026/27 adakace kuKholam B weeShedyuli zalo Mthetho, ngomhla we-13 kweyoMsintsi 2024— 15

(i) avumelana necandelo B lomasipala ngamnye ongaphantsi kwemida loomasipala becandelo C ngolwabiwo-mali olunikwayo kwakunye neprojekthi eziza kuxhaswa ngolo lwabiwo-mali kunyaka-mali ka-2025/26 kwakunye nonyaka-mali ka-2026/27; aze 20

(ii) anike igosa lothumelo— 20

(aa) ulwabiwo-mali ekubhekiswa kulo kumhlathana (i); kunye

(bb) neprojekthi ekubhekiswa kuzo kumhlathana (i), ezidweliswe kumasipala ngamnye.

(b) Ukuba umasipala okwicandelo C nomasipala okwicandelo B abakwazi kuvumelana ngolwabiwo-mali nangeprojekthi ekubhekiswa kuzo kumhlathi (a), umasipala okwicandelo C kumele acele igosa lothumelo elichaphazelekayo ukuba ibe lilo eliququzelela esi sivumelwano. 25

(c) Igosa lothumelo kumele lithathe onke amanyathelo ayimfuneko okuququzelela esi sivumelwano ngokukhawuleza, kodwa zibe zingaphelanga iintsuku ezingama-60 emva kokufumana isicelo ekubhekiswa kuso kumhlathi (b). 30

(d) Nasiphi na isihlomelo okanye ulungiso olucetywayo kulwabiwo-mali noluneenjongo zokupapashwa ngokwemimiselo yesoloty 29(3)(b) kumele sivumelana nomasipala okwicandelo B ochaphazelekayo, igosa lothumelo kwakunye noNongxowa weSizwe, ngaphambili kokuba kupapashwe kwaye kufakwe ulwabiwo-mali ekubhekiswa kulo kumhlathi (a)(ii). 35

(e) Ukuba akude kufikelelwe kwisivumelwano phakathi kukamasipala okwicandelo C nomasipala okwicandelo B ngokunikwa kolwabiwo-mali kwakunye neprojekthi ekubhekiswa kuzo kumhlathi (a) ngaphambili komhla woku-1 kweyeDwarha 2024, uNongxowa weSizwe, emva kokuthethana nonongxowa wephondo elichaphazelekayo, kumele aqingqe indlela yokwaba ulwabiwo-mali kwaye anike olo lwabiwo-mali koomasipala abachaphazelekayo nakwigosa lothumelo elichaphazelekayo. 40

(f)(i) Igosa lothumelo kumele likhuphe ulwabiwo-mali lokugqibela, nolusekelezelwe kwimiqathango yolwabiwo-mali ekubhekiswa kuyo kwimihlathi (a)(i) kunye (ii) kunye (e), kuNongxowa weSizwe ngomhla wesi-2 kweyoMnga 2024. 45

(ii) Ukuba igosa lothumelo liyasilela ukugqithisa loo miqathango yolwabiwo-mali ekubhekiswa kulo kumhlathana (i) ngomhla wesi-2 kweyoMnga 2024, uNongxowa weSizwe angaziqingqela indlela eyiyo yokwaba le mali, abe ethathela ingqalelo uboniso lolwabiwo-mali lonyaka-mali ka-2025/26. 45

(2)(a) Igosa lothumelo lolwabiwo-mali olunemibandela, lisebenzisa isiboniso solwabiwo-mali olunemibandela lonyaka-mali ka-2025/26 kwakunye nonyaka-mali ka-2026/27, nanjengoko ludakaciwe kuKholam B weeShedyuli ezichaphazelekayo zalo Mthetho, kumele, ngomhla woku-1 kweyeDwarha 2024, ligqithise kuNongxowa weSizwe— 50

(i) imiqathango yolwabiwo-mali oluya kwiphondo okanye kumasipala ngokumayelana nolwabiwo-mali olunemibandela olutsha oluza kwenziwa kunyaka-mali ka-2025/26; 55

(ii) nasiphi na isihlomelo kwisibonakaliso solwabiwo-mali sephondo okanye sikamasipala ngamnye nesidakacwe kuKholam B weeShedyuli ezichaphazelekayo ngokumayelana nolwabiwo-mali olunemibandela;

- (iii) the draft frameworks for the allocations referred to in subparagraphs (i) and (ii);
and
- (iv) electronic copies of any guidelines, business plan templates and other documents referred to in the draft frameworks referred to in subparagraph (iii).
- (b) A transferring officer must consult the accounting officer of a national or provincial department on a duty assigned to that accounting officer in the draft framework before submission to the National Treasury in terms of paragraph (a). 5
- (c) When a document referred to in a draft framework that is submitted in terms of paragraph (a)(iii) is amended, the transferring officer must immediately provide the National Treasury and each receiving officer with electronic copies of the revised document. 10
- (d) The National Treasury must approve any proposed amendment or adjustment for the 2025/26 financial year of the allocation criteria of an existing conditional allocation before the submission of the provisional allocations and draft frameworks.
- (e) The transferring officer must, under his or her signature, submit to the National Treasury, by 2 December 2024, the final allocations and frameworks based on the provisional allocations and frameworks. 15
- (f) If the transferring officer fails to comply with paragraph (a) or (e), the National Treasury may determine the appropriate draft or final allocations and frameworks, taking into consideration the indicative allocations for the 2025/26 financial year. 20
- (g)(i) The National Treasury may amend final allocations and frameworks in order to ensure equitable and stable allocations and fair and consistent conditions.
- (ii) The National Treasury must give notice, in writing, to the transferring officer of the intention to amend allocations and frameworks and invite the transferring officer to submit written comments within seven days after the date of the notification. 25
- (h) The draft and final allocations and frameworks must be submitted in the format determined by the National Treasury.
- (3) The National Treasury may instruct transferring officers, accounting officers of the provincial treasuries and receiving officers to submit to it such plans and information for any conditional allocation, as it may determine, at specified dates before the start of the 2025/26 financial year. 30
- (4)(a) For purposes of the Education Infrastructure Grant or Health Facility Revitalisation Grant in the 2025/26 financial year, the receiving officer of the relevant provincial department must, in the format and on the date determined by the National Treasury, submit to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury— 35
- (i) an infrastructure asset management plan for all infrastructure programmes for a period of at least 10 years;
- (ii) an infrastructure programme management plan, including an infrastructure procurement strategy for infrastructure programmes and projects envisaged to commence within the period for the medium-term expenditure framework; and 40
- (iii) a document that outlines how the infrastructure delivery management system must be implemented in the province and is approved by the Executive Council of the province before or after the commencement of this Act.
- (b) The receiving officer of the relevant provincial department must review the document, referred to in paragraph (a)(iii), and if any substantive change is made to the document during the 2024/25 financial year, the amended document must be approved by the Executive Council of the province before submission to the National Treasury within 14 days after such approval. 45
- (5)(a) Any category B municipality may apply to qualify for the Integrated Urban Development Grant, referred to in Part B of Schedule 5, by submitting an application to the Department of Cooperative Governance by 31 July 2024. 50

- (iii) isiseko somsebenzi esiyilwayo solwabiwo-mali ekubhekiswa kulo kumhlathana (i) kunye (ii); kunye
- (iv) nekopi ethunyelwa ngokubuchwepheshe bale mihla enazo naziphi na izikhokelo, ithemplethi yesicwangciso seshishini kwakunye namanye amaxwebhu ekubhekiswa kuwo kwisiseko somsebenzi esiyilwayo nekubhekiswa kuso kumhlathana (iii). 5
- (b) Igosa lothumelo kumele lithethane negosa lobalo lesebe lesizwe okanye elephondo ngomsebenzi osikelwe elo gosa lobalo kwisiseko somsebenzi esiyilwayo ngaphambili kokuba liyigqithisele kuNongxowa weSizwe ngokwemimiselo yomhlathi (a). 10
- (c) Xa uxwebhu ekubhekiswa kulo kwisiseko somsebenzi esiyilwayo noluzo kugqithiselwa ngokwemimiselo yomhlathi (a)(iii) luhlonyelwe, igosa lothumelo kumele ngokukhawuleza linike uNongxowa weSizwe kwakunye negosa lolwamkelo ngalinye iikopi ezithunyelwe ngobuchwepheshe bala maxesha zoxwebhu olulungisiweyo. 15
- (d) UNongxowa weSizwe kumele agunyazise isihlomelo okanye ulungiso oluyilwayo lonyaka-mali ka-2025/26 lwemigomo yolwabiwo-mali kulwabiwo-mali olunemibandela olukhoyo ngaphambili kokugqithiswa kwemiqathango yolwabiwo-mali kwakunye nesiseko somsebenzi esiyilwayo.
- (e) Igosa lothumelo kumele, ngaphantsi komtyikityo walo, ligqithisele kuNongxowa weSizwe, ngomhla wesi-2 kweyoMnga 2024, ulwabiwo-mali nesiseko somsebenzi sokugqibela ezisekelezwe kwimiqathango yolwabiwo-mali kwakunye nesiseko somsebenzi. 20
- (f) Ukuba igosa lothumelo liyasilela ukuthobela imiqathango ekumhlathi (a) okanye (e), uNongxowa weSizwe unako ukuziqingqela ngokwakhe uyilo okanye ulwabiwo-mali kwanesiseko somsebenzi sokugqibela, ethathela ingqalelo uboniso lolwabiwo-mali lonyaka-mali ka-2025/26. 25
- (g)(i) UNongxowa weSizwe unako ukuhlomela ulwabiwo-mali nesiseko somsebenzi lokugqibela ukuze aqinisekise ukuba ulwabiwo-mali luyalingana kwaye luzinzile kwaye lufanelekile kwaye luhambelana nemibandela. 30
- (ii) UNongxowa weSizwe kumele anike isaziso, esibhalwe phantsi, kwigosa lothumelo esinezizathu zokuhlomela ulwabiwo-mali kwakunye nesiseko somsebenzi aze ameme igosa lothumelo ukuba lizise izimvo zalo ezibhaliweyo zingaphelanga iintsuku ezisixhenxe emva komhla wesaziso.
- (h) Uyilo kwakunye nolwabiwo-mali nesiseko somsebenzi sokugqibela kumele zigqithiselwe zikwifomathi eqingqwe nguNongxowa weSizwe. 35
- (3) UNongxowa weSizwe unako ukuyalela amagosa othumelo, amagosa obalo kanongxowa bamaphondo kwakunye namagosa olwamkelo ukuba azise kuye izicwangciso nolwazi lwalo naluphi na ulwabiwo-mali olunemibandela, nanjengoko enokuqingqa, iintsuku ezithile ngaphambili kokuqala konyaka-mali ka-2025/26. 40
- (4)(a) Ngenxa yezizathu zeSibonelelo soLwakhiwo lwezeMfundo okanye zeSibonelelo soHlaziyo lweZiseko zeMpilo kunyaka-mali ka-2025/26, igosa lolwamkelo lesebe lephondo elichaphazelekayo kumele, kwifomathi kwaye kwiintsuku eziqingqwe nguNongxowa weSizwe, ligqithisele kwigosa lothumelo, kunongxowa wephondo ochaphazelekayo nakuNongxowa weSizwe— 45
- (i) isicwangciso solawulo lweziseko zolwakhiwo sazo zonke iinkqubo zolwakhiwo sexesha elingaka ngeminyaka eli-10;
- (ii) isicwangciso solawulo lwenkqubo yolwakhiwo, kuqukwa nendlela yocino lwezakhiwo kusenzelwa iinkqubo zolwakhiwo kwakunye neeprojekthi ekujongwe ukuba ziqalise kwixesha lenkcitho-mali yaphakathi enyakeni; kwaye 50
- (iii) uxwebhu oludakaca indlela inkqubo yokuphathwa kwesiseko somsebenzi eza kwenziwa ngayo ephondweni nendlela eza kuphunyezwa ngayo siSigqeba seBhunga sephondo ngaphambili okanye emva kokuqalisa kwalo Mthetho.
- (b) Igosa lolwamkelo lesebe lephondo elichaphazelekayo kumele lilijonge uxwebhu, ekubhekiswa kulo kumhlathi (a)(iii), kwaye ukuba lukhona utshintsho olubalulekileyo kolu xwebhu kunyaka-mali ka-2024/25, elo xwebhu luhlonyelweyo kumele luphunyezwe siSigqeba seBhunga lephondo ngaphambili kokuba lugqithiselwe kuNongxowa weSizwe zingaphelanga iintsuku ezili-14 emva kokuba lugunyazisiwe. 55
- (5)(a) Icandelo B lomasipala lingasebenza ukuze kukwazeke ukufumaneka kweSibonelelo soPhuhliso lweZiseko, ekubhekiswa kulo kwiSigaba B sikaShedyuli 5, ngokufaka isicelo kwiSebe loLawulo neNtsebenziswano ngomhla wama-31 kweyeKhala 2024. 60

- (b) The Department of Cooperative Governance must determine the form of the application, including the minimum qualifying conditions.
- (c) The Department of Cooperative Governance must submit, by 1 October 2024, to the National Treasury for comment, a list of any proposed additional qualifying municipalities and any municipalities that have failed to meet the qualifying conditions to continue to qualify for approval. 5
- (d) A municipality that is informed by the Department of Cooperative Governance that it has qualified for the Integrated Urban Development Grant, must submit to the Department of Cooperative Governance—
- (i) by 31 March 2025, a first draft of its three-year capital programme and the 10-year Capital Expenditure Framework; and 10
- (ii) by 30 May 2025, the final versions of its three-year capital programme and the 10-year Capital Expenditure Framework, which must be evaluated by the Department of Cooperative Governance after consultation with relevant stakeholders. 15
- (6)(a) A provincial treasury must, in respect of the 2025/26 financial year—
- (i) on the same date that its budget for the 2025/26 financial year is tabled in the provincial legislature; or
- (ii) on a date not later than 13 June 2025 approved by the National Treasury, publish a notice in the *Gazette* containing the information set out in section 29(2)(a). 20
- (b) This subsection continues in force until 13 June 2025.

Transfers before commencement of Division of Revenue Act for 2025/26 financial year

27. (1) Despite the Division of Revenue Act for the 2025/26 financial year not having commenced on 1 April 2025, the National Treasury may determine that an amount, not exceeding 45 per cent of the total amount of each— 25
- (a) equitable share in terms of section 4(1), be transferred to the relevant province;
- (b) equitable share in terms of section 5(1), be transferred to the relevant municipality; and 30
- (c) allocation made in terms of section 7(1) or 8(1), as the case may be, be transferred to the relevant province or municipality.
- (2) An amount transferred in terms of subsection (1)(c) is, with the necessary changes, subject to the applicable framework for the 2024/25 financial year and the other requirements of this Act, as if it is an amount of an allocation for the 2024/25 financial year. 35

CHAPTER 5

DUTIES AND POWERS OF MUNICIPALITIES, PROVINCIAL TREASURIES AND NATIONAL TREASURY

Duties of municipalities 40

28. (1)(a) In addition to the requirements of the Municipal Finance Management Act, the accounting officer of a category C municipality must, within 10 days after this Act takes effect, submit to the National Treasury, the relevant provincial treasury and all category B municipalities within that municipality's area of jurisdiction, the budget, as tabled in accordance with section 16 of the Municipal Finance Management Act, for the 2024/25 financial year, the 2025/26 financial year and the 2026/27 financial year, except if submitted in terms of any other legislation before the end of the 10-day period. 45
- (b) The budget must indicate all allocations from its equitable share and conditional allocations to be transferred to each category B municipality within the category C

- (b) ISebe loLawulo neNtsebenziswano kumele liqingqe ifom yofako-sicelo, iquke neyona mibandela mincinci yokungena.
- (c) ISebe loLawulo neNtsebenziswa kumele ligqithise, ngomhla woku-1 kweyeDwarha 2024, kuNongxowa weSizwe ukuze avakalise izimvo zakhe, uluhlu lawo nawuphi na umasipala ongenayo kunye nawuphi na umasipala oye wasilela ukufikelela kwinqanaba lemibandela elifunekayo lamangenelo ukuze uqhubeke ukuya kwisigaba sokuphunyezwa. 5
- (d) Umasipala othe waziswa liSebe loLawulo ngeNtsebenziswano ukuba ukwazile ukufikelela kwinqanaba lokuzuza iSibonelelo soPhuhliso lweZixeko, kumele ugqithisele kwiSebe loLawulo neNtsebenziswano— 10
- (i) ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2025, uyilo lokuqala lawo lwenkqubo yemali yeminyaka emithathu kunye neSiseko Somsebenzi seNkcitho yeMali seminyaka eli-10; kwaye
- (ii) ngomhla wama-30 kwekaCanzibe 2025, izicwangciso zokugqibela zenkqubo yemali yawo yeminyaka emithathu kunye neSiseko Somsebenzi seNkcitho yeMali seminyaka eli-10, nekumele ziphononongwe liSebe loLawulo neNtsebenziswa emva kokuthethana namahlakani abandakanyekayo. 15
- (6)(a) Unongxowa wephondo kumele, ngokumayelana nonyaka-mali ka-2025/26—
- (i) ngomhla omnye nalowo uhlahlolwabiwo-mali lonyaka-mali ka-2025/26 ludakacwa ngawo yindlu yowiso-mthetho yephondo; okanye 20
- (ii) ngomhla ongadlulanga kumhla we-13 kweyeSilimela 2025 iphunyeziwe nguNongxowa weSizwe, apapashe *kwiGazethi* isaziso esiqulathe ulwazi oludakacwe kwisolotyana 29(2)(a).
- (b) Eli solotyana liyaqhubeka nonyanzeliso kude kube ngowe-13 kweyeSilimela 2025. 25

Iintlawulo ngaphambili kokuqala koMthetho woLwabiwo lweNgeniso lonyaka-mali ka-2025/26

27. (1) Nangona uMthetho woLwabiwo lweNgeniso yonyaka-mali ka-2025/26 kungenzeka lube aluqalisanga ngomhla woku-1 kweTshazimpunzi 2025, uNongxowa weSizwe unako ukuqingqa ukuba nawuphi na umyinge, ongagqithanga kwiiphesenti ezingama-45 zomyinge opheleleyo ngamnye— 30
- (a) wolwabiwo olufanelekileyo ngokwemimiselo yesolotyana 4(1), mawuthunyelwe kwiphondo elichaphazelekayo;
- (b) wolwabiwo olufanelekileyo ngokwemimiselo yesolotyana 5(1), mawuthunyelwe kumasipala ochaphazelekayo; kwaye 35
- (c) ulwabiwo-mali olenziwe ngokwemimiselo yesolotyana 7(1) okanye 8(1), ngokuya ngalo meko, maluthunyelwe kwiphondo okanye kumasipala ochaphazelekayo.
- (2) Umyinge othunyelweyo ngokwemimiselo yesolotyana (1)(c) ngotshintsho oluyimfuneko, uxhomekeke kwisiseko somsebenzi esifanelekileyo sonyaka-mali ka-2024/25 kunye nazo naziphi na izinto eziza kuthi zifuneke zalo Mthetho, ngokungathi ngumyinge wolwabiwo-mali lonyaka-mali ka-2024/25. 40

ISIAHLUKO 5

IMISEBENZI NAMANDLA OOMASIPALA, OONONGXOWA BAMAPHONDO KWAKUNYE NONONGXOWA WESIZWE

 45

Imisebenzi yoomasipala

28. (1)(a) Ukongeza kwiimfuno zoMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, igosa lobalo lecandelo C lomasipala kumele, zingaphelanga iintsuku ezili-10 emva kokuba lo Mthetho uqalisile ukusebenza, ligqithisele kuNongxowa weSizwe, kunongxowa wephondo kwakunye nakubo bonke oomasipala becandelo B abakumda wokusebenza waloo masipala, uhlahlolwabiwo-mali, nanjengoko ludakaciwe ngokuhambelana nesolotyana 16 loMthetho wokuPhathwa kweeMali zikaMasipala, kunyaka-mali ka-2024/25, kunyaka-mali ka-2025/26 nakunyaka-mali ka-2026/27, ngaphandle kokuba lugqithiselwe ngokwemimiselo yawo nawuphi na omnye umthetho ngaphambili kokuphela kwexesha elizintsuku ezili-10. 55
- (b) Uhlahlolwabiwo-mali kumele lubonakalise lonke ulwabiwo-mali ukusukela kulwabiwo olufanelekileyo kunye nolwabiwo-mali olunemibandela oluza kuthunyelwa

municipality's area of jurisdiction and disclose the criteria for allocating funds between the category B municipalities.

(2) A category C municipality that is providing a municipal service must, before implementing any capital project for water, electricity, roads or any other municipal service, consult the category B municipalities within whose area of jurisdiction the project must be implemented, and agree, in writing, which municipality is responsible for the operational and maintenance costs and the collection of user fees. 5

(3) A category C municipality must ensure that it does not duplicate a function currently performed by a category B municipality and must transfer funds for the provision of services, including basic services, to the relevant category B municipality that is providing municipal services, despite— 10

(a) the category C municipality retaining the function in terms of the Municipal Structures Act; and

(b) a service delivery agreement for the provision of services by the category B municipality on behalf of the category C municipality not being concluded. 15

(4) A category B municipality which is not authorised to perform a function in terms of the Municipal Structures Act may not extend the scope or type of services that it currently provides, without—

(a) entering into a service delivery agreement with the category C municipality which is authorised to perform the function in terms of the Municipal Structures Act; or 20

(b) obtaining authorisation to perform the function in terms of the Municipal Structures Act.

